


INTLANGULO

EKUPHELELENI, KUVUYO

 Ndiyavuya ngokuhlwanje, kwakhona, kukunibulisa eGameni leyethu ethandekayo iNkosi uYesu, ovukileyo uNyana kaThixo. Baye nobaKhe uBukho bebusele bulapha xa bendigena, ke silindele ukubona okugqithisileyo, okuninzi, “ngaphezulu kwako konke ebesinokwenza okanye sikucinge,” ngokuhlwanje, okokuba uThixo uyakuthulula phezu kwethu, ezaKhe iintsikelelo, aze enze mkhulu uYesu Kristu phakathi kwethu.

² Bendithetha ngokuhlwa kwazo zombini ezidlulileyo iintsuku... ngeCawa ebusuku ndicinga ukuba besine nkonzoyempiliso, ndaza ngoMvulo ebusuku ndashumayela. Saza sakhupha... Siqale umxholo, ngeCawa kusasa, emnqubeni. Ndiye ndacinga, ngeli lixa sisalindele ukuba isihlwele sethu ukufunquka kancinane, bendingathanda ukukhe ndithi nje ukuvulela ezam iimvakalelo. Mna ndi...

³ Ngolunye lwalemihla, ukuba uThixo uthandle, kwaye eyakundinceda, bendingathanda ukuba ndibeneqela lemikhankaso apho ni—ngayi... ndingene nje ndishumayeleye okanye ndifundise iSibhalo, ndize ndibizele esiguqweni, ndize ndehlele esiguqweni ukuze ndithandazele abantu, kanye ngolwahlobo thina maBhaptizi akudala sasidla ngokwenza ngalo. [Othile uthi, “Amen.”—Umhl.] Mabini kuphela amaBhaptizi endiweve esithi, “Amen.” Ngoko niphi nina nonke, ngokuhlwanje?

Othile wathi, “Mzalwane uBranham, wakha wangumBhaptizi?”

Ndathi, “Ehe,” ndatsho.

⁴ Ndandishumayela apha e-Arkansas, ngaxesha lithile. Umfo, omdala umfo, waphiliswa. Waye e... baye benayo... Yena waye engumNazarene. Wabeleka iintonga zakhe zokuqhwarela, ngengomso, ejikeleza ukunqumla isixeko, eno—nophawu kuzo, “UThixo undothule kwezi, izolo kusihlwa.” Kwaye waye ekhubazeke kakubi kakhulu. Kwaye kuseLittle Rock. Kwaye waye elolohlobo isithuba seminyaka emininzi. Kwaye wonke umntu wayemazi, kuba waye ehamba ejikeleza, enomnqwazi ubekwe phantsi, abe ethengisa iipensile ezikhupha kuloomnqwazi. Waye wonke umntu emazi, ke yaye nje iqalisile, isandula ukwenza into enkulu esixekweni.

⁵ Kwaza ngokuhlwa kwiintsuku eziliqela emva koko, ndandishumayela, waza—waza yena waphakama. Wathi,

“Umzuzu nje, Mzalwane uBranham, ungahlupheka xa ndinokukubuza okuthile?”

Ndathi mna, “Hayi, mhlekazi.”

⁶ Waza wathi, “Kuhle,” yena wathi, “xa—xa bendikuva ushumayela, ndazile ukuba ungumNazarene.” Yena wathi, “Ndaza ndabona bonke abantu abangamaPentekoste bethe jikelele apha, waza othile wandixelela ukuba wena ungumPentekoste.” Wathi, “Ndikuve usithi, kwithuba elidlulileyo, wena ungumBhaptizi.” Wathi, “Andikufumani oku.”

⁷ Mna ndathi, “Kuhle, kulula oko. NdingumPentekoste ongumNazarene waseBhaptizi.” Injalo lonto. Injalo lonto. Thina nje si . . . yakholwa.

⁸ Owu, zihlobo, andingowalo naliphi ihlelo kwawecawe, ndibe futhi ndingowawo xa ewonke ngamanye. Xa ndaqalayo kulena, ndathi, “uKristu uyintloko yam. Le Bhayibhile yincwadi yam yetekisi. Lize lona ihlabathi libelibandla lam.” Ke, yilo—yilonto endifuna ukubayiyo de ndife.

⁹ Ngoku, kubusuku okanye obubini, sizakuzama ukuba siqalise inkonzo yempiliso kwakhona, xa sifumana . . . Kakade, ukubona abamandlalo nezi bhedi zokuthwala abagulayo zibekwe zajikeleza apha, ndingathanda ukubona okuthile. Ndingxamele kakhulu ukubona okuthile kusenzeka apha eLouisville, eKentucky, ngokuba esi sisizwe sakuthi.

¹⁰ Andizange ndabanolungileyo, oko nikubiza njengolungileyo umhlangano, eKentucky. Kwaye oko andikutsho nganjongo zawubetha. Ndi—ndibenemininzi emibi, kwiindawo ezininzi. Kodwa, nditsho ukuthi, kanye apha kweli lam ikhaya, kunzima kakhulu. Ndi . . . kunzima nje kakhulu ukuyiqhekeza. Andiyazi ukuba kutheni na. Kodwa ndiyaqikelela ukuba kungenxa yokuba uYesu wathi, “Kwelakuni ilizwe,” kwanendlela ebekuya kuba ngayo, leyo mhlawumbi yi—yindlela ekuyiyo. Kodwa asikhe sifumane ukukhe sibone eminzi ebalaseleyo imimangaliso.

¹¹ Bendinenkonzo apha, malunga nonyaka okanye emibini egqithileyo, eJeffersonville, kodwa kwenzeka ukuba ibengumfazi owayesuka apha eKentucky ndaweni ithile. Wayejike wayitshokhwe, njengayo, ukusuka emalungwini akhe ukwehla; ukususela esinqeni sakhe ukuya kumalungu akhe, gxebe. Waye e—engazange ahambe, ishumi elinesixhenxe leminyaka. Uninzi lwenu lwalulapho ngobuya busuku, naye niyayikhumbula lonto. Kwaye yena waphakama waza wahamba ephuma emnqubeni, ngokuqhelekileyo.

¹² Ngoku, ndingathanda okuthile kuqalise apha eLouisville, apho ndinokubona khona eyohlobo lwakudala invuselelo itshayela kwesi sithandekayo sikhulu isixeko apha.

¹³ Sisixeko sifana nezinye zonke izixeko; singendawo njengokuba zonke ziphuma kanjalo. Niyazi ukuba yinyaniso leyo. Andivisi buhlungu iKentucky; ngoba, ndingumKentucky, oku kwam. Konke kulungile. Kodwa yi—yinyaniso. Inobungendawu. Eli likhaya lazo zonke iigrangqa neendawo zodidiyela, kunye nezingendawo izixhobo nako konke, ngokufanayo, yenzeka kanye ekujikelezini i-Louisville, e-Kentucky apha, ngoko esi sisihlalo sikaSathana.

¹⁴ Kodwa singasiqhekeza sibeziingceba ngeVangeli kaYesu Kristu, ukuba sonke sinokuhlangana ndawonye. Injalo lonto. Simelwe kukumanya amandla ethu zise sidudule.

¹⁵ Ngaxesha lithile lidluleyo, umvangeli odume kunene elizweni wakha, wathi, ethetha ngeenkonzo apha. Wathi, “Kuhle, nantsi into eyiyo.” Wathi, “Xa ndisiya esixekweni, yonke into elizweni jikelele imelwe kukuba ixhase ngezimali imihlangano yam kungenjalo andisayi kuya. Injalo lonto. Kuhle, cinga nje. Ndingcinga ukuba kukho mhlawumbi amashumi amathandathu okanye asixhenxe amabandla amakhulu ase Bhaptizi aseLouisville. Yabona? Kunjani ngamaWesile wona? Kwaye yeyama Wesile idolophu; i-Asbury ikho entla apha. Ingaze ibenantoni landoda xa inokuza kwesi isixeko, kubengamaWesile nje namaBhaptizi odwa, ewayeke amaRhabe nezinye?”

¹⁶ Ngoku mangaphi awegcweleyo-iVangeli amabandla akhoyo kwesi sixeko? Zimbini okanye zintathu iimishini ukwehla apha ndaweni ithile, amabandla nje amancinane, apha naphaya, kwaye wona asedabini elinye lilwa nelinye.

¹⁷ Ke xa ungena, ufanelwe kukuba ume ekomeleleni kolungiselelo lwakho. Injalo lonto. Kwaye nditsho ne... wonke umntu kufana nezopolitiko zingena. Kusemandleni olungiselelo lwakho, ukutsala kulonto iNkosi iyakuyithumela. Ndiyithanda ngalondlela. Mzalwane, ukuba uYesu Kristu akasosixhaso sam apha, kunye nendixhomekeke kuko, ngoko andinanto yimbi ndingaxhomekeka kuyo. Injalo lonto. Yena... KuKristu, eliqinileyo uLwalwa, mna ndimi; yonke eminye imihlaba iziintlabathi ezizikayo, kum. Ndingasuke ndishumayele kwabahlanu abantu endaziyo uThixo ubathumele ukuzakuva uMyalezo, kunokuba ndishumayele kwishumi lamawaka elitsalelwe kuyo ngepolitiki. Injalo lonto.

¹⁸ Ndiketha ukubona ibenye eyohlobo lwakudala inguquko, esehla ukuya esiguqweni akhale ade abhonge, kunokuba ndibone ishumi lamawaka lusima, luthi nje, “Kuhle, ndizakukhe ndiYizame.” UYizame? AkangoKristu wakuzanywa. Yena Ungowokwamkelwa. Uphila okanye usifa, uzika okanye urhaxwa, mthathe Yena noko kunjalo. Injalo lonto.

¹⁹ Ukuba ndiyathandaza, ndithandazele abantu abalishumi lamawaka ngokuhlwanje, baze bonke bafe ngakusasa; ngomso ngokuhlwa ndingabe ndibuyele apha futhi ndithandazela

abagulayo, ndikholwa ukuba iLizwi likaThixo belinyanisile. Injalo lonto.

²⁰ Ukuba bendisifa; kuze kubekho isihlanu samawaka abantu abafa kwikhulu leminyaka eyadlulayo, babe bebekuNaphakade ithuba elingako, bevukile babuyela emhlabeni, baze bathi, “Mzalwane uBranham, musa ukuyithemba Yona. Yena akachananga. Musa ukuYithemba. Thina—thina samthemba Yena, saya; saza sasilela.”

²¹ Bendiyakuqhubeka ndisithi, “Ndiyekeni ndifele kuYesu Kristu.” Injalo lonto. Ndiyayikholwa Yona. Kwaye leyo yintliziyo yam yonke, yonke into ihleli kanye kuYo. Ndaye ndiYikholwa ngayo yonke intliziyo yam, kwaye ndixhomekeke kuYe.

²² Ndaye ndiyabathanda abantu baKhe. Ndiyanithanda, nina ningabemi kunye nam bobuKumkani bukaThixo. Ndaye ndifuna ukuma igxalaba-negxalaba kunye nani, sithwale umthwalo.

²³ Ngoku, ngokuhlwanje; ndikhuphe, izolo ngokuhlwa, bendizakutheha ithutyana elincinci ngokuhlwanje, iNkosi ivuma. Andifuni kunigcina thuba lide, ndinidine, ngoba silindele . . .

²⁴ Ndinohlobo olungathi kukukhohlisa phambi kweNkosi ngalomhlangano. Kwaye ndilindele uThixo enze okuthile okuyakuqalisa umhlangano uqengqeleke kanye apha esixekweni. Nina thandazani, dlalani eyenu indima; kuze, wakufika uMgwebu, sime sonke sithi sayidlala eyethu indima.

²⁵ Kwesama-20 isahluko seEksodus, size siqale ngowe-7 umqolo, ndinqwenela ukuthetha nje imizuzu embalwa, ukuba uThixo uyakusivumela, kodwa wakha . . . kuhle, ndingathi, hayi obalaseleyo umxholo, kodwa o—olungileyo umxholo. KwiCawe edlulileyo, kwisikolo seCawa emnqubeni e-Jeffersonville, siqale, kwi, “ntlangulo ngeGazi.”

²⁶ Kwaye naku endizama ukukwenza, ukuba ufuna ukwazi ukuba kutheni ndisenza oku apha. Uninzi lwenu luthi aluzange lundive ndishumayela kumkhankaso wempiliso, kodwa kwenzeka ngenjongo. Ndiyacinga, ukuba ndingaze ndenze imiphfumlo yaphuke ize esiguqweni, ngoko ke ndiyakubabalwa nguThixo ngenxa yeLouisville, injalo lonto, xa abantu besehla ngenene phambi koThixo bathandaze.

²⁷ Kwaye, ngoko, baninzi kuni, bahlobo, abathandazayo, nizila ukudla, nize noyike ukuthabatha oko benikuthandazela. Injalo lonto. Yabona? Kuhle, akusayi kukunceda nganto ukuzila nokuthandaza, ungathanga ubenayo ethile imisebenzi ehamba nako. Lonke olwakho ukholo, ehlabathini, alusayi kukwenzela nentwana le yokulungileyo ungathanga uthabathe inyathelo uphumele phaya, uze uqubisane nayo, uze ukuyithabatha. Kuphelele apho. Kufanele uye phambili. Ufanelwe nje kukuthabatha inyathelo uphumele phandle uyenze, nakanjani na. Xa ucela nantoni na, hamba uye kuyithabatha. UThixo

uthe yeyakho, ke musa ukuthatha nantoni na engaphelelanga. Fumana oko ukucelileyo. Yenza oko, uze ufumanise ukuba iphuma kanjani na. Ehe. Musa—musa ukuhlela uze uthi, “Kuhle, ndiyakuthatha eyesibini.”

²⁸ Ndiyakuthabatha eyokuqala. UThixo undithembisile, eyokuqala, yiyo endiyifunayo. Kwaye kuleminyaka ingamashumi mabini anantathu ndikhonza Yena, Undinike loondawo. Kwaye ndi . . . Ndaye ndisamkholwa nje Yena futhi ndiMthanda, naye Endithanda, kuyakuba ngaloo ndlela nje ngoba Yena ubophelelekile kwelaKhe iLizwi. “Nantoni na eniyinqwenelayo, xa nithandaza, kholwani ukuba niyifumene, niyakuba nayo.” Nako Awakuthethayo. Akunjalo na? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Oko kulungile. Konke kulungile.

²⁹ Ndiyathanda ukuniva nisithi, “Amen.” Uyazi, Dade uHoover, u-*amen* uthetha ukuthi “makubenjalo,” kum, uyazi. Yaye ndi—ndihambela entethweni, ndingeva mntu uthi “amen,” ndi—ndiye ndikhwankqiseke.

³⁰ Apha ngaxesha lithile lidlulileyo ndandishumayela kwelincinci ibandla, ndaze—ndaze nje nda . . . Owu, andinazo ezininzi ezipulpiti izimilo, ngokutsho kwe, ndiyaqikelela, imfundo yezakwalizwi yomhla, ke ndiqikelela ukuba ndabanokungathobeli okuncinane. Ndaza ndicinga ukuba ndaxhuma eqongeni epulpitini, *kanjeya*, ndaza ndabamba umboko wasesandleni sam, ndahlala pha, neenyawo zam zijiwuza, ndishumayela kangangoko ndandinako. Ndabuyela kum; ndandingazazi ukuba ndandisenzani. Kwimizuzu embalwa, ndalahleka futhi, ndayakuzibhaqa ezantsi esiphakathini sendawo yokuhamba, ndidophola imilenze yebhulukwe yam. Andazi ukuba kutheni na, kodwa eneneni ndandi . . . ndandinokuthanda ukuhlala apho ithuba. Kuphela kwento endingathanda ukuyithetha leyo. Yayiyindawo apho ndiqinisekileyo ukuba ndandizonwabela. Ndaye ndahlala kuyo nje iintsuku eziliqela emva koko.

³¹ Kwabakho indoda eyeza kum, yaza yathi, “Khawutsho,” yathi, “ungashumayela kanjani, babe bonke aba bantu besithi, ‘Amen’?”

Mna ndathi, “Yilonto kanye endenza ndishumaye.” Ehe.

³² Ndandinenja endala. Ndandizingela iimpungutye. Ndiqikelela ukuba ndinabaninzi baseKentucky abahlobo apha abathanda ukuzingela iimpungutye. Ke . . . Yaye ibiye ixine nantoni na ekhoyo, ize iye kuyibamba, ngaphandle kweqaqa; ibiye ingafuni kubananto yakwenza nalonto leyo. Ngoku, ibiye ilitshonise phantsi kwemfumba yamahlamvu. Kwaye ukuphela kwento ekwakumele ndiyenze, ndandingafuni kungena ngaphantsi phaya emva kwakhe, ndandiqinisekile. Ngoko ukuphela kwento endandiyiye ndiyenze, kukuphakamisa

ihlamvu, ndize ndimbambazele ndikhwaze, “Kuye, kwedini! Kuye!” Ize iye kulibamba eloqaqa.

³³ Ngoku elona ligqwesileyo iqaqa ndilaziyo ngumtyholi. Kwaye ukuba ufuna ukwenza okuncinane ukumbambazela, khwaza nje “amen” kanye emzuzwini. Ndaye ndi—ndi... Siyakumxina, emva komzuzu, size siyekumbamba. Yabona?

³⁴ Niyamazi, omdala uBuddy Robinson, uninzi lwenu nikhe neva gaye. Azange nive? Ibandla lamaNazarene. Yena wathi, “Nkosi,” wathi, “ndinike umqolo onje ngesiqobo sesarha. Undinike oluninzi ulwazi kumacala eziphelo zomphefumlo wam. Udenze ndilwe umtyholi kususela oko ndisenezinyo elinye, ndize ndimnkamfule ngeezisini ndide ndife.” Ndinga ukuba yelungileyo . . . Kwaye yilonto nje awayenzayo. Yilonto nje awayenzayo; ngandlela, esondele kwikhulu leminyaka ubudala, abe esashumayela iVangeli.

³⁵ Ndiyaweza lomagqala madala eshumayela ngolohlobo. Ngenye imini, ndenzeka ukuba ndivule unomathotholo, kwaza omdala umzalwane, ogama linguMordecai F. Ham, emalunga nekhulu leminyaka ubudala, esashumayela iVangeli. Ndathi, “Thixo, msikelele, wanga anganeenkwenkwezi kwisithsaba sakhe xa efika Phaya.” UMzalwana uHam, andimazi nje nakakhulu. Ngenye yezi iimini ndifuna ukudibana naye phambi kokuba awelele ngaphesheya, kwiLizwe. Aze, ke, abenokuxhawula izandla kunye nabaninzi esele bengaphaya. Ndiyazi uyakubanabaninzi bokuxhawulana naye xa efika Phaya, owu, ngokuba ebeligqala lakudala.

³⁶ INkosi inisikelele ngoku. Kwaye ngoku, ngaphambili kokuba singene kweliLizwi, masicele uMbhali ehle azekusithilela Lona.

³⁷ Bawo wethu waseZulwini onobubele, siza kuWe, ngokuhlwanje, kweliya lithandekayo, lihle kakhulu iGama loNyana waKho, uYesu; sivuma izono zethu, ukuba asifanelwanga kulithetha eKhe elingcwele iGama. Kuba e . . . Lonke usapho lwaseZulwini luthiywe igama “uYesu.” Lonke usapho emhlabeni luthiywe igama “uYesu.” Yaye kweloGama onke amadolo ayakugoba, nawo onke amalwimi ayakuvuma kuLo, nokuba ngaboni okanye abangcwele. Ngoko, xa sithetha eGameni laKhe, uhlobo ebesifanelwe kukuncangazela ngalo ezintliziyweni zethu, ngentlonelo, njengokuba sithetha. Ke sicela eGameni laKhe, ngentlonelo, ukuba Wena uze kuthi ngokuhlwanje, Nkosi.

³⁸ Silapha embindini wesixeko esikhulu, esinazo zonke iintlobo zezixhobo athe uSathana wabopha ngazo abantu, kumashishini abo, ekungcakazeni kwakhe, nohenyuzo, igrangqa, nemidiza. Kwaye, Owu Thixo, kunye nabaninzi abashumayeli, epulpitini, bayiyeka nje igqithe ngokungathi nje yenye yezizinto ziqhelekileyo.

³⁹ Kodwa, Thixo, sinike izwi lesilumkiso, okokuba siyakushumayela iVangeli ngokungqalileyo nangokunyaniseka, sibeke izembe ezingcanjini zomthi, siyeke amasuntsu awe nokuba kuphina pho awa khona. Kodwa sincede, Nkosi, sichaze umgwebo phezu kwezinto ezinjalo, size sishumayeke iVangeli yoNyana waKho othandekayo, uYesu.

⁴⁰ Thixo, siphe okuthile emakwenzeke nekuyakuthi kugungqise esi sixeko kuzenzela ubuKumkani bukaThixo. Ukuze, nkqu namabandla, aziqhubekela nje ezikoneni, eneqaqobana lamalungu, Owu Thixo, anga lomabandla angagcwala athi qhu ngabalungileyo, abanesakudala isimo, abantu abangcwele, bezelwe ngokutsha. Siphe oko, Nkosi. Kwaye singa singamkela imvuselelo, enesimo sakudala, ethunywe nguThixo imvuselelo neyakuthi igungqise ukusuka kwelinye icala lesixeko ise kwelinye, iphelise yonke inkohlakalo. Owu Thixo, ungasiniki etsalekileyo intlangano. Siphe imvuselelo eyakuthi ivale zonke izikroxo zotywala, neyakuthi ilungise izinto; yenze abantu beze, xa ithe yakhala intsimbi yenkonzo, bagxalathelane ukuya esiguqweni baze bathandaze phambi komyalezo kamelusi, ukuze balunge. Thixo, siphe oko.

⁴¹ Ngoku, ngokuhlwanje, kusenokuba kukho abagulayo apha, Bawo. Kwaye ngelilixa sithetha ngabagulayo, okanye ngenxa yabagulayo, nabo, wanga uMoya oyiNgcwele ungaphilisa bonke abagulayo esakhiweni. Asindise wonke umoni. Abize abuye, eze ekhaya, wonke owileyo asuke kwindlela yakhe yokrejo.

⁴² Kwaye ngoku wanga uMoya oyiNgcwele anganguYe ondikhokelele kulomxholo, ngokuhlwanje. Kwaye wanga Angathatha izinto zikaThixo aze asebenzise nje isicaka saKhe apha njengesixhobo, kwaye wanga uThixo angafumana uzuko. Kuba sikucela kwelaKhe iGama. Amen.

⁴³ Kumqolo we-7 wesahluko sama-20 e—e Numeri, sifunda oku.

Waza wathetha uYEHova kuMoses, esithi,

Thabatha intonga, ulibizele ndawonye ibandla, wena, kunye no-Aron umkhuluwa wakho, . . . nithethe kulwalwa phambi kwamehlo abo; lona liyakunivelisela awakhe amanzi, . . .

⁴⁴ Ndifuna niqwalasele ukuba, “awaKhe” amanzi.

. . . liyakunivelisela awaKhe amanzi, ubakhuphele amanzi lawo elulwalweni: ke uyakunika ibandla kunye nezilwanyana zabo basele.

Waza uMoses wayithabatha intonga eyisusa phambi koYEHova, njengoko ebemyayelele.

Waza uMoses no-Aron baqokelela ibandla ndawonye phambi kweliwa elo, waza wathi kubo, Khanive. . . bavukelindini; sinikhuphele amanzi kweliliwa na?

Waza uMoses wasiphakamisa isandla sakhe, walibetha ngentonga yakhe iliwa kabini: aze amanzi aphuma ngobuninzi, laza ke lasela ibandla, kwa nemfuyo yabo gokunjalo.

⁴⁵ Yanga iNkosi ingathabatha la ambalwa amaZwi ngoku, njengokuba sibuyela kumxholo wethu osusela izolo ebusuku size siwunyusele kule, uThixo evuma.

⁴⁶ Ndaye ngoku, ndifuna bonke abagulayo abalapha, ngokuhlwanje. . . Ngoku, uBilly akakhange akhuphe makhadi akuthandazelwa namhlanje, ngoba ndimxelele ukuba angenzi njalo. Ndithe, “Wela nje, Billy, uyekuxelela uMzalwane uCauble. Undiyeke nje mna. . .”

⁴⁷ Ndizama okuthile, ndisenzela uzuko lukaThixo. Ndicela nje uThixo ukuba asincede, ukuba asinike imiphefumlo ingene ebuKumkanini; kunye namakholwa ayakuthi omeleze ukholo lwawo, enyukele, nkqu sele ngungekho nanye into engenye, ayakuqhubeka nje enyuka aze athi, “Thixo, ndiyakukholwa Wena, eLizwini.” Nantso ke. Nantso eyokuqala, nesekuqaleni, neyiyeyona ibalaseleyo indlela. Injalo lonto. Thabatha uThixo eLizwini laKhe. Uze, ukuba awunako ukukwenza oko, ngoko, kuba, uThixo uthumela ezinye izinto, ezinje ngeziphonemiqondiso, uku—ukungqinela elaKhe iLizwi, ukulingqinela Lona kulo lonke ikholwa.

Ngoku, ngeCawa, besine, “intlangulo ngeGazi.”

⁴⁸ Sithabatha uSirayeli ngoku, eseluhambeni lwakhe, bephuma eYiphutha, ezekelisa ihlabathi, besendleleni yabo eya ePalestina, ilizwe elithenjisiweyo. Ndinga ukuba yinto entle kakhulu. Ndiyayithanda nje. Phantse malunga naveki zonke, ndihlala phantsi ndifunde laNcwadi ye-Eksodus, ukuba ndinako, okanye okukangango kwayo endinokuba nako. Ndiyayithanda ngoba ingumzekelo ogqibeleleyo webandla namhlanje, isimo, nendlela uThixo ahamba ngayo. Wahamba ngokuya, awathi Yena wakwenza ngoko emvelweni, Ukwenza emoyeni ngoku. Yayibona?

⁴⁹ Ngoku, ngoko Wakhokela uSirayeli, ngokwemvelo, apho bathi babona, bajonga, wabakhuphela ngaphandle kwelizwe elithile wabasa kwelinye lemvelo ilizwe.

⁵⁰ Ngoku thina siqhutywa nguMoya oyiNgcwele, ekuhambeni ngoku ukuya kwelithenjisiweyo iLizwe. Niyakholwa ukuba sisendleleni eya kwelithenjisiweyo iLizwe? [Ibandla lithi, “Amen.”—Umhl.] “Emzini kaBawo Wam zininzi izindlu. Ukuba bekungenjalongo, ngendanixelelayo. Ndizakuya kunilungiselela indawo.” Ingaba kunjalo? [“Amen.”] Ngoku sinelithenjisiweyo iLizwe esiya kulo, kwaye usuku ngalunye luphawula ilitye eliphawula umgama; nolunye usuku, elinye ilitye elichaza umgama.

51 Kwaye kukho esikhulu nesimnyama isithunzi sihleli phaya ngaphambili khwethu, sibizwa ukufa. Yaye maxa onke intliziyo yethu ibetha, sithabatha elinye inyathelo sisondela kokuya. Ngenye yezi iintsuku, izakuthabatha ubetho lwayo lokugqibela, sibeke siyangena. Ndifuna ukuba ndibekwelam ixesha, ndenze elam iqashiso; njengoko ndithemba ukuba nani nonke ngabanye ninjalo, ngokuhlwanje. Xa ndisazi ukuba ilele nje phambili kwam, kube kufuneka ndihlangane nayo, andifuni kuba ligwala. Ndifuna ukuzibhijela ngengubo yobaKhe ubulungisa, ndihambe ukungena kuko, ndisazi oku, okokuba ndiqinisekile ngokumazi Yena eMandleni ovuko laKhe. Injalo lonto. Ukuze, xa Yena ebiza ekhupha kwabafileyo, ndiyakubizwa ndikhutshwe kunye nabo baphilileyo. UThixo unguThixo wabaphilileyo.

52 Ngoku, njengokuba babenohambo kwelilizwe, sifumanise ukuba uThixo wenza i—wabenzela icebo. Wazisa intlangulo, ngegazi. Ngoku siyafumanisa, Uzisa intlangulo, kwakhona, ngamandla.

53 Sifumanise, kubusuku obuphambi kobudluleyo, ukuba Wayenegazi liqatyawe; ntoleyo yayingomhle kakhulu umzekeliso wekholwa, wokuba, xa ethe wamnkela ukufa kukaKristu endaweni yakhe, ngoko uye abengumntwana kaThixo. Uqalisa kuhambo lwakhe.

54 Ngoku, into elandelayo afaanelwe kukubanayo... emva kokuba esindisiwe, ngokomoya.

55 Ngoku, ukufa kwemvana engenatyala kwazisa ubomi kwikholwa elinetyala. Ayinguwo na ogqibeleleyo umzekelo ngoku? [Ibandla lithi, "Amen."—Ed.] Ukufa koNgenatyala, kubonelela uBomi konetyala. Kwaye ukufa kukaKristu ongenatyala kubonelela uBomi kuthi thina banetyala.

56 Ngoku, okokuqala, ngoko, emva kokuba uThixo ebanike ubomi ngegazi, waza wayingqinela, ukuba ukufa kubadlule, Wabaqalisa kuhambo lwabo. Sizakubuyela kubo emva komzuzu.

57 Ngoku qaphela, ngoko, into elandelayo uThixo awayenzayo, kwamsinyane nje bakuba bethe babangamakholwa nabantwana, bemamkele uThixo, utshaba olukukufa kwasenyameni kwabasukela. Kwaza kwabaxinanisela, kungqalile; kukho intlango kwelinye icala; uLwandle oluBomvu kwelinye; iziintaba kwelinye icala; umkhosi kaFaro usiza, usukela, izigidi zamajoni esiza edwelile, ukuze abeyise.

58 Ngoku, uThixo wabonakalisa ukuba Yena wayebanike ubomi, ngako ukufa kwemvana; ngoku Uzakubanisa eyasenyameni intlangulo. Haleluya! Yabona, zombini eyosindiso neyempiliso, yabona, eyomntu wemvelo neyomntu womoya.

59 Eyokufa iNgelosi yadlula, ingqinisisa ukuba uThixo uyivulile indlela yokuqhwekha, ngako ukunikelwa ngegazi,

kwaye bona bayamkela. Ngoku Uzokwenza indlela yokuqhvesha ukusuka ekufeni kwasenyameni.

⁶⁰ Njengekholwa, kamsinya nje ukuba lisindisiwe. Mhlawumbi umhlaza ulityile, okanye isifo esithile. UThixo unentlangulo, kanaanjalo, ngawo amandla. Kwanjengoko Yena enentlangulo yomphefumlo, Ukwanayo intlangulo yomzimba. Leyo yayi. . .

⁶¹ Babesindisiwe, kwaye babolukile. Babephantsi kwegazi, kodwa, noko, uFaro wayezimisele. . . Utshaba lwaluzimisele ukubatshabalalisa, lubabulale bonke kanye phaya entlango, ke uThixo wabonisa awaKhe amandla entlangulo yemizimba yabo. Niyayifumana? Niyakwazi endithetha ngako? [Ibandla lithi, "Amen."—Umhl.] Intlangulo ngawo amandla! Kwaza ngoko, xa utshaba lwalusele lukufuphi kubo, leyo imandla-angaphezulu kwendalo iNtsika yoMlilo yafunqukela phezu koSirayeli, yaza yeza apha yema phakathi kwabo nokufa.

⁶² Yiyeke izike imizuzu embalwa. Ingaba niyakubona oko ndithetha ngako? [Ibandla lithi, "Amen."—Umhl.]

⁶³ Ngoku, kulo lonke ikholwa, ozelwe ngokutsha umntwana kaThixo, xa ukufa kufika kunyebeleza emnyango, phambi kwexesha, iNgelosi kaThixo ima phakathi kwakho kunye nesigulo. Ngoku, ukuba ufuna ukubaleka uye ngqo kuso, ifuna wena leyo; kodwa awunyanzelekanga. Yabona? Yena umi phakathi kwakho nokufa.

⁶⁴ Kumashumi amabini anesithathu seminyaka eyadlulayo, kwisiBhedlela samaJuda, uGqr. Morris Fletcher wandinika ezintathu iiyure; omnye wabona babaleseleyo oogqirha benu apha esixekweni, wandinika zantathu iiyure ndiphila. Ndisaphila, ngokuhlwanje. Haleluya! Kutheni? Ngalo olungasetyenzelwanga ubabalo, iNgelosi kaThixo yema phakathi kwam nokufa, ukuze indikhusele, ndaza ndayamkela Yona. Kwaza ngombulelo, ngolukaThixo ubabalo, ndaMzuzela isiqingatha sesigidi semiphefumlo, ngokuhlwanje.

⁶⁵ Owu, indlela uThixo akwazi ngayo ukwenza izinto, ukuba nje besinokulandela. Sukuzama ukumkhokela uThixo. Vumela uThixo akhokele wena. Yabona? Sithi amabakhokelwe. Ndinganga ukuba yilonto uThixo esifanisa neegusha.

⁶⁶ Wakha wayibona igusha ilahlekile? Kutheni, isesona sidalwa singenakuzinceda ehlabathini. Ayikwazi kuzifumanela indlela yayo eya naphi na. Iyema nje ikhale de ingcuka iyidle, okanye ifefe apho. Ayikwazi kuyifumana indlela ebuyayo.

⁶⁷ Kwaye leyo yindlela, leyo, xa umntu elahlekile, akanakuzinceda nje tu. Akho kwanto unokuyenza malunga nayo. UThixo, ngobabalo, kufuneka akukhokelele kuKristu. UYesu wathi, "Akukho mntu unako ukuza kuM engathanga uBawo amtsale. Kwaye bonke abo Yena abatsalayo, baze beze, ndiyakumnika uBomi obungunaphakade." Esinjani isithembiso!

⁶⁸ Owu, ndinga ndingafumana wonke umntu apha, oko kuzike ukwehlela ezantsi phantsi kwelesihlanu ubambo lasekhohlo, de iyekubetha isizikithi sentliziyo. Ubuya kubona abantu beshukuma nje, benazo zonke iintlobo zezifo zijinga kubo, behamba bephuma kwesi sakhiwo, bevuya, besala ukubanaso. Iziqhwalaba beziyakuhamba nje ngesiqhelo kangangoko zinako. Bebeza kukwala ukuyazi enye nayiphina into. Yabona?

⁶⁹ Uyoyika. Uyoyika ukwenza isiqalo. Ulindele uThixo ehle eze kukutsala uphume. UThixo akenzi ngalondlela. Nguwe ekufuneka enze inyathelo. Unika isithembiso, aze athi, “Yiza,” uze wena ulandele.

⁷⁰ Ngoku qaphela abantwana bakaSirayeli, ngoko. UThixo weza waza wema phakathi kwabo kunye nengozi; amandla entlangulo . . . intlangulo ngamandla, gxebe. Intlangulo ngegazi; intlangulo ngamandla.

⁷¹ Izolo ngokuhlwa sibashiye, berhubuluza nje elunxwemeni, kwelinye icala loLwandle oluBomvu. Zonke iintshaba, amavili eenqwelo zazo ekhutshiwe. Amahashe abo othukile, kanye phakathi esazulwini somlambo, kwaye babejika macala onke, bengena *ngale* indlela, aze amavili axinga ebambeke eludakeni ada awa. Nalo igquba lamadoda libaleka ngokubhideka, utshaba. Wabe uSirayeli ekhwela ukuyakuphuma ngonxweme, ukuze abone uThixo esolula isandla saKhe aze atshabalalise lonke utshaba.

⁷² Omhle umzekelo, ikholwa, phantsi kweGazi; liphiliswa ngoko ngayo leyo ima-phakathi kwazo, amandla kaThixo esindisa ubomi bakhe, ebandisa okwexeshana. Babemelwe, xa bebonke, kukuba babulawelwa kanye apho; ngewayebagwintele kanye apho entlangulo, ukuba uThixo wayengamanga phakathi kwabo. Ngesele ndafayo, kudala kakhulu, ukuba uThixo wayengazange eme phakathi kwam nokufa. Lonke ikholwa apha ngeselafa, kudala kakhulu, ukuba uThixo wayengazange eme phakathi kwakho nokufa; nonke ngabanye kuni. Ke, uThixo, ekuzimeleni-geqe kobabalo nenceba yaKhe, uma phakathi kwekholwa nokufa. Haleluya!

⁷³ Naku apho ikhoyo. Ke yintoni into elandelayo yekholwa? Into elandelayo lubhaptizo loMoya oyiNgcwele ngoko. UMoses wakhokelela abantwana bakaSirayeli ebathoba ukuya kuLwandle oluBomvu, babhaptizwa kuLwandle oluBomvu. Ulwandle, amanzi, kubonisa uMoya. Xa wathi wabetha iLiwa, kwaphuma amanzi. Kwaye kwakungumzekelo kaKristu, kuYohane 3:16. “UThixo wenjenje ukulithanda kwakhe ihlabathi, Wancama owaKhe ekuphela kwamzelelo uNyana, ukuze nabani na okholwayo kuYe angatshabalali, kodwa noBomi obungunaphakade.” Qaphela, abantu abatshabalalayo, entlangulo, basindiswa lelo labethwayo iLiwa. Kwaye abatshabalalayo abantu bayasindiswa namhlanje

(betshabalalela esonweni, betshabalalela ebugwenxeni) kuba obethiweyo uNyana kaThixo uthabathe indawo yabo; amanzi, uMoya, kuqengqeleka kuphuma!

⁷⁴ Qwalasela, ndifuna ukuba niyibone ngoku, njengokuba bathi bawela uLwandle oluBomvu, kwakungumzekelo wokwamkela uMoya oyiNgcwele. Emva kokuba ikholwa lihlangulewe ekufeni, ukuya eBomini; amandla kaThixo awuphilisile umzimba wakhe; ngoku ungunqatswa wobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Ngoku unohambo, ngaphesheya, phambi kwakhe; kodwa, phambi kokuba adibane nolohambo, kufanele abenokuthile okuzakumthwala ukunqumla. Amen. Ogqibeleleyo umzekelo wePentekoste!

⁷⁵ Qaphela, njengokuba baberhubuluza bephuma elinxwemeni. Lonke ikholwa, xa ungena uze usindiswe, wamkele iGazi likaYesu, usazama ukubambelela *kule* nokubambelela *kuleya*, kwaye awukwazi kuyiyeka *le* ube ungakwazi kuyiyeka *naleya*. Emva kwethuba, uThixo usenokwenzela izinto ezintle; kodwa ube ungakwazi ukuncama imidiza yecuba, umelwe kukuba ukhe umane uthabatha isiselo sokuzihlanganisa nabahlobo maxa wambi. Kodwa into odinga ukuyenza kukudlula unqumle uLwandle oluBomvu.

⁷⁶ Xa bephuma kwelinye icala. Apha yiyo le. Ndifuna ukuba niyibone. Njengokuba babephuma kwelinye icala, berhubuluza ukunyuka elinxwemeni baza banyeka, bababona bonke abo baphathi-makhoboka babo ababedla ngokubabetha, babulale inxenye yabo. Kanye nje ngomhlaza nemidiza neengcuba negrangqa nako konke okunye, ziqhubela abantwana kwimpambano, zibathumele kwindawo zogcino, ezibhedlela, kunye negquba labaxakaniseke iingqondo nako konke okunye okuveliswa lihlabathi. Xa benyeka babona zonke ezo zinto zisokola, zingenamncedi, kwaye zisifa elwandle. Mzalwane, uthetha ngomhlangano; babenawo!

⁷⁷ UMoses! Owu, ndizakuyiyeka le ukuba izikele ezantsi. Ndiyathemba ukuba yehlela ezantsi. UMoses, uyena mprofeti mkhulu wakha waphila, ngaphandle koYesu Kristu. Zange kwabakho mntu uThixo wakha wathetha naye, njengoko Wenzayo kuMoses, ngaphandle ko Kristu. Wathi, “Ukuba kukho omnye ongowomoya, okanye umprofeti, phakathi kwenu, Ndiyakumbonisa imibono futhi Ndizazise kuye. Kodwa hayi owaM umkhonzi uMoses; Ndithetha umlomo ukuya endlebeni kunye naye.” Injalo lonto.

⁷⁸ UMoses, lendoda inesidima. Kamsinya nje yakuba idlule kulomava, ebonile bonke abobaphathi-makhoboka befile, wayazi ukuba zonke ezozinto zazidlule naphakade ngoko. Zonke ezozinto zazikade zibaqhuba, zibabetha, zibagqolodisa ngokubatyatyusha, kwakuphelile ngazo. Waphakamisa izandla zakhe waza wacula ekuMoya. Owu, bethu!

⁷⁹ Zange yazekeliswa, kwaye ayisayikuze, de sifike eluZukweni phezulu ngaphesheya. Xa ugqityo lwalwenziwe phaya, wacula ekuMoya. Saye xa sihlangulewe emzimbeni . . .

⁸⁰ Oko kwakuzekelisa uMoya oyiNgcwele usiza ngePentekoste, xa sadlula siwela ulwandle. Kwakuzekelisa iPentekoste. KwanoMoses, okwenene- . . . emzekelisweni ngemva phaya, xa wathi wadlula ewela apho, wacula ekuMoya. Yafika ngoMhla wePentekoste. Kwaye xa umzimba ugqibelele, uhlangulwe . . . Ngoku umphefumlo wethu uhlangulwe ngokugqibeleleyo, kunjalo, “awunakutshabalala; unobungunaphakade uBomi.” Oko kuthethwa yiBhayibhile!

⁸¹ Owu, ndiziva kamnandi. Qaphela ukuba kutheni. Ngoba ndiyayazi ukuba ngu ITSHO INKOSI. Bophelela nje wena umphefulo wam phaya, uze uqhubeke nohambo, uthi, “Sathana, nxwala nje kangangoko ufuna, kum. Ayindikhathazi, kuba ndiyamazi Lowo ndimkholwayo, ndaye ndeyisekile Yena unako ukugcina oko ndikunikele kuYe ngokuchasene noMhla.” Amen.

⁸² Esikudingayo ngokuhlwanje yelungileyo, yakudala, kaBilly Sunday, eyaphula yonke into, imvuselelo ka-haleluya, yiyo esiyidingayo apha eLouisville jikelele. Kunjalo, sidinga elungileyo, yakudala, ethunyelwe nguThixo imvuselelo yepentekoste. Ewe, mhlekazi.

⁸³ Qaphela, ngoko, xa imizimba yethu ihlangulwe . . . Nalapho, sesinayo eNgcwele impiliso ngoko, njengesithunzi.

⁸⁴ Njengokuba oko kwakusisithunzi phaya sePentekoste, jonga oko bakwenzayo ngesithunzi ixesha, sosindiso. Jonga uhlobo abahamba ngalo phaya phambi koThixo, “Bacima u . . . uhlangothi nalo ke . . . lomlilo, baza basinda kuhlangothi lwekrele,” zonke ezi zinto bazenzayo, “bephuma kumaziko avutha ngumlilo; bechasela kweyeengonyama imihadi, nako konke,” ngesithunzi, haleluya, ngesithunzi sePentekoste.

⁸⁵ Ngoku sinegqibeleleyo intlangulo ngalo iGazi likaKristu. Babengenako ukuba negqibeleleyo intlangulo ngoko, kuba yayiphantsi kwegazi leenkunzi zeenkomo neleebhokhwe, laye lona alisayi kususisa isono; liyasogquma nje isono. Kodwa xa elikaYesu iGazi lathi laphalazwa, elona lakha langcwele ngobulungisa iGazi, izono zazi ngasogqunywanga kwakhona; zazohlukanisiwe kwaye kwaphela tu ngaso, lize ikholwa liye eBukhoneni boMenzi walo. Haleluya!

⁸⁶ Ukuba bathi benza njalo ngoko, esithunzini phaya, sikaMoses ecula ekuMoya; ngoko, ngaphaya kwiSityhilelo, abo bazuze egqibeleleyo intlangulo yomzimba, bema kulwandle leglasi becula ingoma kaMoses kwakhona, ngaphaya kwiNcwadi yeSityhilelo.

⁸⁷ Thetha ngo—ngokaMoya oyiNgcwele umhlangano? Babenawo xa bathi benyuka kolwanxweme. Mamela, dade. Omncinane onesidima uMiriam, umprofetikazi, udade boMoses,

umprofetikazi, wachwayita kakhulu de wathatha i-tambourine wabaleka esehlisa unxweme, ebetha le-tambourine, kwaye egida ekuMoya. Akwaphelela apho, kodwa zonke iintombi zakwaSirayeli zamlandela, zigida zikuMoya. Ukuba lowo ayinguye uMoya oyiNgcwele usihla, andizange ndawubona. Kutheni, kakade, zona, zonke ezo zichubekileyo, zinesidima izizwe zifanele ukuba zajonga ngoomabona kude bazo zakubona oko, kumele ukuba zathi, “Ubaxo.” Kunjalo. Kodwa yayinguThixo. Kunjalo!

⁸⁸ Ezinesidima izinto zijongela phantsi, namhlanje, kulonto uThixo ayisikeleleyo. Kunjalo!

⁸⁹ Indikhumbuza ibali. Umfo wayenenkulu entle ifama. Wakha awomeleleyo amahle amathango, inesidima kwaye iyeyodidi kangangoko inokuba nako, kodwa wayesonqena ukufuya. Konke kuhle. Kwakukho omnye umfuyi ehlala kufuphi naye; wayengenathango libheke kuyaphi, kodwa wayengowenene umfuyi, kwaye wayebeke okuninzi okulungileyo ukutya kwelathango ngalonyaka. Kwaza amabini amancinane amathole azalwa, elinye kwelinye uthango nelinye kwelinye ngokunjalo. Xa kufika intwasahlobo, bawavulela lomathole mancinane aphuma ebuhlanti.

⁹⁰ Elathole lincinane lisuka ngapha, lalondleke kakuhle kakhulu, bethu, xa lamoya waqalisayo ukulibhudla, owu, bethu, lakhaba izithende zalo zenyuka, laza lemka, liqinisile nje kangangoko elinokuba nako; likhefuzela, lixhumaxhuma, futhi likhabalaza, liqhubeka kanjalo.

⁹¹ Waza ke nomnye umfuyi wavulela elakhe, ngaphaya. Yena wa—yena wayengenanto yakudla kuphela ilukhula; esonqena ukufuya, esonqena ukulondla.

⁹² Indikhumbuza abanye bababelusi. Kunjalo! Kunjalo! Benqena kakhulu! Yinto nje engenamsebenzi. Iintango ezinesidima kuphela kwento eninayo. Faka uKutya phaya usenzela ithole! Kunjalo. Kunjalo. Ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, lushunyayelwa ngamandla, luyakubagqatsa. Injalo lonto. Kodwa yilonto abayidingayo, lolulungileyo lwakudala ugqatso; oko ibandla likudingayo, yilonto amalungu ayidingayo. Qaphela.

⁹³ Kwaye eli lakudala lincinane ithole lalonakele. Usizana, lomncinane umfo waphuma ebuhlanti, ebhitye kunzima nokuhamba. Laza lakroba ngethanda, lakhangelana ngaphaya.

⁹⁴ Lalibona elinye ithole eliya likhefuzela. Lalityebe lonke lingqunduva. Laliziva kamnandi. Lalitya ubusika bonke.

⁹⁵ Laza eliya lincinane, livinjiweyo ithole lajonga ngaphaya, lathi, “Olunje ubaxo!” Bethu! Qinisekileyo, lalibhitye kakhulu ukuba lingacinga nantoni na engenye.

⁹⁶ Kodwa, ndiyakuxelela, xa eliya lalityetyisiwe, ubusika bonke, mzalwane, lalizazi ukuba liphi. Labanexesha eliminandi ngexa apho lamoya ufudumeleyo waqalisa ukulibhudla.

⁹⁷ Kwaye nayiphi na indoda ezelwe ngoMoya kaThixo, bayakuyibiza umbaxi okanye nantoni na eyenye. Kodwa xa lowo ufudumeleyo, wentwasahlobo, uMoya oyiNgewele umoya uqalisa ukuza njengoko Wenzayo ngoMhla wePentekoste, ikhona into ezakwenzeka. Kunjalo. Eshushu imimoya iqalisa ukubhudla; mzalwane, utyetyiswe wonke ngeVangeli, ungqunduva wonke kwaye uziva kannandi. Khaba izithende zakho zinyuke ubenethuba eliminandi.

⁹⁸ Yilondlela uMiriam nabanye abathi benza ngayo. Bajonga emva ezantsi babona zonke izinto ezindala abebekade bezenza, zazifile zonke ziphelile. Babesele bembonile uThixo esamkela igazi; sele bewabonile Amandla aKhe kwimpiliso eNgewele, kumi phakathi kwabo; bawela uLwandle oluBomvu, baza babhaptizwa ngoMoya; bahamba kwelinye icala, benexesha nje eliminandi. Babengakhathali ukuba i...yonke imibutho yayicinga ntoni na ngayo. Amen.

⁹⁹ Onjani umzekelo enguwo namhlanje, wekholwa eliyakuthi qabavu inyathelo phandle.

¹⁰⁰ UThixo wayethembise ukuba Uyakubanika zonke izidingo zabo. Uthembisile ukuba Uyakusinika zonke izidingo zethu. Akazange abaxelele, “Ndiyakwenza indlela yempiliso; Ndiyakwenza indlela *yale*; Ndiyakwenza indlela *yaleya*.” Wathi, “Ndiyakubanani!” Haleluya!

¹⁰¹ Yilonto awayithethayo Yena kuthi. “Ndiyakubanani, ndide ndibekuni, kude kupheliswe iphakade eli.” Kuko konke oko endifanele ukuthetha. Akudingeki ukuba unqange *oku*, *okuya*, okanye *okunye*. Ukuba Yena ulapha, oko kuyandanelisa; eNgewele impiliso ikhona, aMandla akhona. Yonke into Awayeyiyo phaya, Uyiyo ngoku, “uYesu Kristu nguyeyi izolo, namhlanje, naphakade.” Ke, unosuke uthathe imfundo yakho yezibhalo uyontywila nayo. Mzalwane, ndikholwa uYesu Kristu nguyeyi izolo, namhlanje, naphakade; wathi, “Ndiyakuba nani, ndide ndibekuni, kude kuphele iphakade eli.” Ewe.

¹⁰² Baze apho baphuma, kwaye Yena wayenabo. Ngoku yena wathi...Owu, babethwele ingobozi encinane yesonka; sasityiwe sonke saphela. Bengenaso esinye. Baya kulala, bebulamba ngobuya busuku. Kodwa ngentsasa elandelayo xa bevuka, kwakukho isonka sithe saa phandle yonke indawo.

¹⁰³ Yilondlela uThixo enza ngayo izinto; ukwenza ukuba wehle de ufike kowokugqibela umzuzu, aze akubonise oko Yena anako ukwenza. Injalo lonto. Uyathanda Yena ukuyenza lonto. Uyayithanda. Uyathanda ukubamangalisa abaKhe abantu.

104 Wena ndoda uyathanda ukumenza ngolohlobo umfazi wakho. Ulinde de kubengumhla wakhe wokuzalwa, umgcine nje ekrokra, kuba umthanda.

105 Yilonto uThixo esiyeka de sifike esiphelweni sendlela ngaxa limbi, kungokuba Yena esithanda kwaye efuna ukubonisa okwaKhe okungaphezulu kwendalo kunye namandla aKhe. Kuba Yena esithanda, seso isizathu sokuba Yena enze lonto. Ewe. Yena uyasiyeka nje de sifike ezantsi kwindawo apho simalunga nje nokuthabatha inyathelo lokugqibela, aze Yena angenelele.

106 Wayeka abantwana bamaHebhere bangena kanye kwiziko elivutha umlilo, kodwa nako kumi iNdoda yesine imi phaya nesipholisi, ewugcina ukude kubo. Yabona? Yena usoloko ekho. Akazange wemka. Usoloko ekufuphi. “Ingelosi yeNkosi iyabarhangqa abo bamoyikayo Yena.”

107 Phaya, ngobuya busuku, bacholachola esasonka ngentsasa elandelayo. Ndiyabona loomaSirayeli ebandula ukunqumla uLwandle oluBomvu; esandula kuhlangukwa ngegazi; ebone Amandla empiliso kaThixo, okanye amangalisayo Amandla emi phakathi koThixo . . . kunye naphakathi koSirayeli neYiphutha; aza antywilisela iintshaba emva kokuya.

108 Njengomhlaza omdala umkile naphakade, ubumfama babumkile, ubuthulu babumkile, isifo seswekile sasimkile, yonke into igqibile ukuntywiliselwa emva phaya eGazini likaYesu Kristu. Niziva njani? Bethu!

109 Hamba uhle ngendlela, aze owakudala umgxeki athi, “Ngoku khawume umzuzwana! Uqinisekile ngalonto?”

“Musa ukuthetha nam.” Amen. Owu, bethu!

110 Ndiyababona phandle phaya, beqokelela nje beqokelela, kwaye besidla, futhi benexesha eliminandi. Kanye nje ngowakudala, okaMoya oyiNgcwele umhlangano. Apha kuyakufika uMoya kaThixo uye kwethile encinane ingcwele, uze ufike; ungene entliziyweni kanjalo, yena akhwaze, “Mayidunyiswe iNkosi!” Owohlobo lwakudala nje umhlangano onjalo. Ewe, mhlekazi. Babeyiganga nje ukusuka kwelinye icala ukuya kwelinye, benexesha eliminandi.

111 Ngoku, esasonka asizange siqamke. Saqhubeka lonke uhambo, ukwenzela bona. Injalo lonto. Saye singogqibeleleyo umzekeliso wePentekoste kuthi. Leyo yayisemvelweni. Esasonka asizange siqamke. Saqhubeka sifana esosonka, bade bayakungena kwelithenjisiweyo ilizwe. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Umhl.] Nina bafundi beBhayibhile niyayazi. Kwaye xa thina . . .

112 Ibandla lasungulwa ngoMhla wePentekoste, xa amakholwa aye ephezulu phaya. “Kwaza kweza isandi esinje ngomoya ovuthuzayo, wazalisa indlu apho babehleli khona.” LaMoya uyiNgcwele mnye wathi wawa ngoko, uyawa ngoku.

Uyakuqhubeka njalo ukususela ngoko kude kuse ekupheleni kwexesha. Uyakuqhubeka njalo ukunqumla. Usisonka sethu. Bona bondliwa ngesonka semvelo; thina sondliwa ngesonka somoya.

113 UYesu wathi, “Mna ndisiSonka soBomi esavela kuThixo, siphuma eZulwini.”

114 Bona bathi, “Oobawo bethu badla imana entlango, kwisithuba seminyaka emashumi mane.”

Yena wathi, “Bona, bonke ngabanye, bafile.” Ewe, mhlekazi.

115 “Kodwa lowo uthi adle eyaM inyama aze asele nelaM iGazi, unoBomi obungunaphakade, kwaye ndiyakumvusa ngemihla yokugqibela. NdisiSonka soBomi esivela kuThixo, siphuma eZulwini. Ukuba umntu udla esi Sonka, akasoze afe.” Nantso ke. Bona babeneyemvelo; thina sineyomoya. Owu, bendingenakuze ndiyitshintshise nangenye into. Iyamangalisa!

116 “Owu,” nina nithi, “Mzalwane uBranham, sonke thina siyakwazi ukuba ungumbaxi.” Kulungile, nam ndiyazi, kananjalo. Ndisisidenge sikaKristu. Usesikabani isidenge wena? Usenokuba sesikasathana isidenge. Konke kulungile. Ke, ndikhetha ukuba sisidenge sikaKristu. Ubungenakuba njalo wena? [Ibandla lithi, “Amen.”—Umhl.] Konke kulungile.

117 Qaphela, nantsi enye into malunga nalamana. Xa bathi baqalisa ukuyingcamla, bathi, “Ingcamleka njengobusi.” Ewe, yayinencasa. Ndiyababona nje abo bangcwele bakudala beqwakaza imilebe yabo besidla. Yayimnandi.

118 Wakha wayingcamla *Lena? Lena* imnandi, oku kwayo. Wathi, “Ngcamla uze ubone, iNkosi ilungile. Inencasa njengobusi eliweni.” Ndidla ngokwenza lentetha, amaxesha amaninzi. Yokuba, xa uDavide wakudala, owathetha lonto kwiNdumiso yakhe, wathi, “Inencasa njengobusi elitiyeni.”

119 UDavide, ekubeni wayengumalusi, waye enenxili, ababeyiphatha ecaleni labo, kwaye babesoloko befaka ubusi kuyo. Abelusi abadala basenazo, nangoku, base—basePalestina. Kwaye xa eyabo—eyabo egulayo igusha iqhubeka, ngoko, into yokuqala oyaziyo, wayeye ehle aye kukhupha intwana yobubusi, aze abuthathe abuhlikhle elitiyeni, ilitye lekalika. Zaye iigusha zibuthanda obabusi, ke yayiye iyekukhotha obabusi bukwelalitye. Kwaye kukho okuthile kwilitye lekalika ethi iphilise igusha egulayo.

120 Ndaye ndiyanixelela, thina sinenxili yonke egcwele bubusi ngokuhlwanje, kwaye sizakuyibeka phezu kweDwala, uKristu Yesu. Zize ezigulayo iigusha ziye kukhotha, uqinisekile ngokuba uphile. Injalo lonto, kotha nje, kotha, kotha. Kwaye usakotha ubusi njalo, ngoba, uqinisekile ngokuba ufumane intwana yelalitye lekalika. Oko kuqiniseke okwantoni nanje. Ngoku, asizukulubeka ebandleni. Sizakulubeka kuKristu, leyo

yindawo yalo. Injalo lonto. Ngoba, impiliso yekaKristu, amen, njengazo zonke ezinye zentlangulo iintsikelelo. Qaphelo.

¹²¹ Enye into futhi. Xa leya yaqalisa ukuwa, uAron wayalelwa ukuba aphume ayekukha ezimbalwa iihomere zayo.

¹²² Ngoku, ukuba bakhe bazama ukugcina intwana kwada kwangengomso, ibiye yonakale. Kwaye kuninzi kakhulu oko phakathi kwabakaMoya oyiNgcwele abantu ngokuhlwanje. Nina nizama ukucinga, “Kuhle, kumashumi mabini eminyaka edluleyo, besinomyalezo olungileyo. Besine—besinexesha elimnandi.” Ninantoni ngokuhlwanje? Leyo ke yinto. Bona . . .

¹²³ Yawa qho ngobusuku. Ayizange isilele nangaxesha linye, kuphela nge—ngeSabatha. Injalo lonto. Kwaye ngoku uThixo uyithobile, intsha, qho ebusuku; yonkimihla, maxa onke, iyeza.

¹²⁴ Qaphela, ezahomere zazigcinwa ziphezulu. Yena wathi, “Ngoku, jonga, xa nifika ezweni, baze abantwana benu baqalise ukubuza malunga nale. . .” Wathi, “Wonke umbingeleli ngoku ongena ebubingelelini, emva kokuba ethe wafumana imvume yokungena kweNgcwele indawo, njalo njalo, ebekiwe, njengombingeleli, ngoku waye enelungelo lokungena aze athabathe umthamo waleya yoqobo imana yayiwe ekuqalekeni.” Leya yokuqala ngqa ukuwa, bayicholachola bayifaka kwihomere, baza bayigcina, kwaye yayibekelwe kuphela ububingeleli nje bodwa.

¹²⁵ Ngoku nina nithi, “Mzalwane uBranham, kwakuzekelisa ntoni okuya namhlanje?”

¹²⁶ Ngoba, thina sibububingeleli. “Nibobubukumkani ububungeleli, isizwe esingcwele, abantu abayinqobo, ninikela ngawomoya amadini kuThixo, iziqhamo zemilebe yenu nibulela kwelaKhe iGama.” Amen. Nantso ke. Ngoku, ngoku, ngoMhla wePentekoste, xa uMoya oyiNgcwele wathi wehla; imana yethu.

¹²⁷ Ngoku, wonke umbingeleli emva phaya, phantsi kweNdala iTestamente, xa bengena ukuba abengumbingeleli, babesazi ukuba bazakufumana ithamo laleya yoqobo imana; hayi ethile eyenziweyo, ethile eyenziwe ngumntu yangathi yiyo. Kodwa babezakufumana ingxenye yeyoqobo.

¹²⁸ Kuhle, ngoMhla wePentekoste, xa imana yethu yaqalisa ukuhla, uMoya oyiNgcwele wehla njengomoya ovuthuzayo. Apha kwakukho igquba labancinane, abanesidima abantu, ikhulu elinamashumi mabini, kwigumbi eliphezulu; iminyango ivaliwe, neefestile zazivaliwe, behleli emva phaya, belinde isithembiso. Ehe, babefudula bekunye noYesu, ngokuqinisekileyo. Babewazi amandla aKhe, nako konke oko, kodwa babelinde isithembiso.

¹²⁹ Yilonto esiyifunayo ngokuhlwanje. Sibe. . . Ukuba eli qela labantu linokuba mxhelo mnye, njengoko babenjalo ngobuya busuku, into ekwanye ingaphinda yenzeke ngobu

ubusuku, kanye apha kwesi sakhiwo, eLouisville, eKentucky, okwaphindeka ngoMhla wePentekoste. Injalo lonto. Owu, ngokuqinisekileyo, bebeya kubanohlobo olunye lwabagxeki apha eLouisville ababenabo phaya. Kodwa, bonke babendawo nye, bemxhelo mnye. Kwaza ngesaquphe. . .

¹³⁰ Phaya kweza umshumayeli, enencwadi, baza batyikitya amagama abo baza bafumana isandla sokunene sobudlelwane, baza bangena kobebandla ubudlelwane? Kusenoba njalo namhlanje, kodwa kwakungenjalongo ngoko. Yilondlela amaProtestanti ayenza ngayo. UmKatolika unyuka aye esibingelelweni aze athabathe umthendeleko wakhe wokuqala; akrobise ulwimi lwakhe, athabathe i-wafer; aze umpristi asele iwayini. Aze ajike abeyilonto.

¹³¹ Kodwa, mzalwane, “NgoMhla wePentekoste, babemxhelo mnye, bendawonye, kwaza ngesaquphe kwaphuma isandi eZulwini,” umntu wayengenanto yakwenza naYo, “njengomoya ovuthuzayo. Yazalisa yonke londlu babehleli kuyo.” Amandla kaThixo abetha phezu kwabo! Phandle esitalatweni baphuma, besenza njengeqela lamageza; njengoko bathi benza ezantsi phaya xa bathi bawela uLwandle oluBomvu. Oko kulungile? [Ibandla lithi, “Amen.”—Umhl.] Bakhala. Baqhubeka. Bagxadazela. Bathintitha ngemilebe yabo.

¹³² Bona, owu, okunjani ukuqhubeka, nina. . . bade abantu, elinesidima ibandla, labuya umva lathi, “Aba bantu banxile yiwayini entsha.

¹³³ Haleluya! Nizakundibiza ngokuba ndingu “mqengqeleki ongcwele,” kakade, ke ninosuka niqalise kanye ngoku. Konke kulungile.

¹³⁴ Jonga, babegwele yiWayini entsha, injalo lonto, iWayini evela kuThixo, iphuma eZulwini. Nakha nambona umntu onxilileyo? Yena nje ubanothando lomntu wonke, niyabona. Akakhathali. Yilondlela umntu abayiyo xa enxile nguMoya. IBhayibhile ithi, “Musani ukunxiliswa sisiselo esomeleleyo, ngokugqithisileyo, kodwa nxiliswani nguMoya.” UMoya kaThixo ukunxilisa kakhulu, ulibala zonke iintshaba zakho, nayo yonke into. Wonke umntu uyakuthanda. Akakhathalelanga ukuba ngubani omi kufuphi nawe. Ungoyena mntu mkhulu elizweni kanye ngoko.

¹³⁵ Andikhathali nokuba ummelwane wakho, uhleli ecaleni kwakho, ehamba kwenesidima icawe; khawuvumele nje uMoya oyiNgcwele akuwele ngelinye ixesha, ubone ukuba kwenzekani. Lunga, okwenene ukulunga, ubelidaka ngokunxila, uyakubona ukuba kwenzekani. Uyakuthi, “Dade, ndiYifumene! Ingaba uyaYifuna, nawe!” Injalo lonto. Ewe, mhlekazi, okuthile kuyakuthabatha indawo.

¹³⁶ Nako ke apho babekho, bonke babenxile yiWayini entsha. Kwaye, mamelani, abanye benu boodade apha, benisazi na

ukuba nesikelelekileyo intombi uMariya wayelapho? Ngoku, kwafuneka enyukele phaya. Umama kaYesu Kristu kwafuneka enyukele phaya aze abalwe nelagquba labantu, enxile kakhulu nguMoya de wagxadazela ngathi unxiliswe yigrangqa okanye okuthile.

¹³⁷ Kwaye wena ucinga ukuba uzakuya eZulwini ngokuba usuke utyibilikele enkonzweni uze ufake incwadi yamaculo ekhwapheni, uhambe qho ngeCawa kusasa, ize ikhale intsimbi, uze uhlale umamele ezinye ze... uze uphinde ubuye? Awusoze uyenze.

¹³⁸ Uyakunyanzeleka ukuba uze ngalondlela, ngoba leyo kuphela kwendlela uThixo ayibekileyo, nawasoloko enayo. Kwaye uyakuyihamba, okanye ungabikho Phaya. Andingomgwebi wakho, kodwa ndishumayela iVangeli. Leyo yechanekileyo iNyaniso. Esikelelekileyo intombi nayo yayiphaya, yenza nayo okwesidenge njengabo bonke abanye, enxile njengabo bonke abanye. Lamadoda nabafazi, bonke ngabanye babo, babezaliswe yentsha iWayini. Ukuba uThixo wakha wayiguqula lonkqubo, ndibekele umnwe wakho eSibhalweni; asikho apho. Hayi, mhlekazi. Yayingqalile ukuya esiphelweni sesigaba, iyilondlela, ingqalile ukuya esiphelweni seBhayibhile, kwaye iyakuba yinto ekwanye xa uYesu ebuva.

¹³⁹ Jonga! Ngelilixa babenxile yilaWayini intsha, jonga, siyabona ukuba uThixo unibekele nonke ihomere na. Konke kulungile.

¹⁴⁰ Apha naba bonke bemi phaya, laza elincinane lakudala igwala lomshumayeli eligama linguPetros, i “litye elincinci,” wayeyoyika kakhulu indawo yakhe de wakhanyela uYesu, wabaleka waphuma wathandaza, kwaye kwafuneka ukuba ahlanganiswe nabo. Wema phezu kwebhokisi yesephu okanye okuthile, wathi, “Kutheni, nina madoda akwaJuda, nani bahlali baseJerusalem!” Abo yayingogqirha, ooD.D. Owu, wathi, “Nina madoda a...nani madoda akwaSirayeli, nabahlali baseJerusalem, njalo njalo, oku makwazeke kuni. Aba abanxilanga, njengokuba nina nicinga, ekubeni iselilixa lesithathu lemini. Kodwa oku kokuya...”

¹⁴¹ Ukuba oku asikuko oKuya, ndifuna ukugcina oku de oKuya kufike. Leyo yinto enye.

¹⁴² Wathi, “Oku kuko okwathethwa ngumprofeti uYoweli, ‘Kuyakuthi ngemihla yokugqibela, utsho uThixo, Ndiyakuwuthulula uMoya Wam phezu kwayo yonke inyama; oonyana benu neentombi zenu ziyakuprofeta; kwaye phezu kwezicaka nezicakakazi zaM Ndiyakuthulula uMoya waM, kwaye bayakuprofeta; ndaye ndiyakuvelisa imiqondiso ezulwini phezulu, nasemhlabeni; neentsika zomlilo, nomsi, nolophu; kwaye kuyakwenzeka, phambi kokuba imini enkulu

eyoyikekayo yeNkosi ifike, bonke abo bayakuthi babize eGameni leNkosi bayakusindiswa.”

143 Elaqela labazimise ngokwabo, abangubo-zinde, abahanahanisi babapristi, bathi, “Singenza ntoni na ukuze sisindiswe?”

144 UPetrosi wathi, “Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu, naye niyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele.” Inde kangakanani? “Kuba isithembiso sikuni, nakubantwana benu, kunye nakubo abakude, neso sininzi iNkosi uThixo wethu ayakuthi asibize.”

145 Ngoko, wonke umntu oguqukayo aze abhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu, aze uThixo amnike ubhaptizo ngoMoya oyiNgcwele, akafumani nto ingathi yilamana yokuqala, kodwa, akafumani nje kuphela ithamo lemana yokuqala, kodwa ufumana intliziyo egcweleyo nguMoya oyiNgcwele.

146 Nisenokuthi, “Cutha oko kancinci.” Ndiyazi ukuba ndiyakhwaza ngayo, kodwa andikwazi nje tu ukuyinceda. Naphela, jonga. Andiningxolisi nina. Ndisenokuba ndiyaziphinda ukusuka kuyo. Kodwa, owu, ukuba nawe ubuve ngendlela endive ngayo, ubuyakungxola, nawe.

147 Qwalasela, owu, intliziyo egcweleyo yileya yoqobo imana eyawa ekuqalekeni; okwamnye uMoya oyiNgcwele owehla ngoko, uyawa ngoku. Kwaye Ubunokuya phi na? “Kuni, kubantwana benu, abo bakude,” eLouisville, eKentucky, “kunye nesininzi iNkosi uThixo wethu asaya kusibiza, bayakufumana kwalento inye esinayo apha.”

148 Watsho kanjalo Yena. UThixo wayisikelela. Wayishumayela. UMoya oyiNgcwele waYizisa; mna ndinaYo; oko kuyayizinzisa. Amen. Oko, oko kundilungele ngokwaneleyo. Ndamthatha Yena eLizwini laKhe; Wayenza. Ukuba wena uyaYifuna, ungaYifumana, nawe. Injalo lonto.

149 Ke phuma kwi—kwisimo esifileyo, uvuke, uze uzivuthulule ngolwahlobo uze uvuke. Ize into yokuqala, ujonge yonke indawo yonke into iyakukhangeleka yahlukile kuwe. Lamfo ubungenakuthetha naye, uyakukhawuleza uye kumlenda uze uthethe naye; ewe, mhlekazi, ufuna nje ukuthetha naye, kuphelele apho. Owu, zonke ezo zinto, uyakubuyisela eziya zakudala izixhobo se-tire, nazo zonke ii . . . ezo zinto wemka nazo uzithatha ehotele ngelaxesha. Latawuli yakudala wawogqume ngayo eziya zesilivere izinto owemka nazo uzithatha etafileni; uyakukhawuleza ubuye, ukuze uzigoduse. Ngokuqinisekileyo uyakwenza njalo. Ewe, mhlekazi. Iyakukwenza isidalwa esitsha kuKristu Yesu. Ngoku jonga uMariya. Owu, bethu!

Kumele sikhawuleze. Sithe chu kakuhle.

150 Nabo behamba, benqumla intlango ngoku, emva kowohlobo lwakudala umhlangano. Ngoku baseluhambeni

Iwabo. Akumangalisi ukuba babe bakhokelelwa ngqo kwiNtlango yeSono, ngqo ukuya entlango, konke ukunyukela kwi—kwithende lamanzi akrakra? Unokumcinga uThixo ethatha abantwana baKhe, kanye emva kokuba besindisiwe bagcwaliswa nguMoya oyiNgcwele, abase kumathende amanzi akrakra? Ngokuqinisekileyo. Angathanda ukubonisa uthando lwaKhe kubo kwakhona. Injalo lonto. Benyukela phaya.

¹⁵¹ Niyazi, xa ufumana uMoya oyiNgcwele, ugagana nezithintelo ezininzi. “Buninzi ububi obulihlelayo ilungisa, kodwa uThixo ulihlangula kubo bonke.” UThixo ukunyusela kanye apho, ujamelane nabo, ukuze Yena akubonise amandla aKhe nokulunga kwaKhe.

¹⁵² Njengokuba ndakha ndeva ibali lomalusi waseJerusalem, owaye wophula umlenze wegusha yakhe. Kwathiwa, “Kutheni, malusi ndini ukhohlakeleyo. Uwophulele ntoni umlenze wegusha?”

¹⁵³ Wathi, “Kuhle, ebengabonakali ngokungathi uyandithanda. Ke ndicinge ukuba mandimaphule nje umlenze, ukuze ndizokwazi ukumnika uhoyo olukhethekileyo, yena ke uyakundithanda ukususela ngoko ukuya phambili.”

¹⁵⁴ Maxa wambi uThixo kufuneka akulalise ngomqolo, ngesigulo, abathi oogqirha uzakufa siso. UThixo ke angathi akunike unyango olukhethekileyo ukuze umthande Yena nangakumbi. Injalo lonto.

Abanye badlula kumanzi, abanye badlula
kunogumbe,
Abanye badlula kwezinzulu izilingo, kodwa
bonke badlula kulo iGazi;
UYesu ukhokela elaKhe iBandla.

¹⁵⁵ Ngoku, xa babelapho, abe namanzi ekrakra bengakwazi ukusela, uThixo wavula indlela. Umthana wakudala ujinga phaya elunxwemeni, uMoses wawugawula waza wawuphosa nje phaya emanzini, waguqula yonke lonto; yangalungileyo, amnandi amanzi.

¹⁵⁶ Ngoku xa unyuka ze umelane namanye wamanzi akho akrakra, okanye into eyenye ethile enjalo, ukhona umthi, ngokuhlwanje, ngokwentetho yomoya, ujinga phezu kweGolgotha, okanye ihlabathi, ngokuhlwanje, unako ukwenza mnandi nawaphi na akrakra amanzi onokuthi ukhokelwe kuwo. Injalo lonto. IKhalvari iyakwenza mnandi nawaphi na amava. Amaxesha amaninzi siye sifike kwiindawo ezinzima, sixakwe ukuba njani. Ke ndivala amehlo am ngaxa limbi, ndize ndicinge, “Ngaphaya eGolgotha, apho uMhlanguli wam wathi wopha wafa ngenxa yobomi bam,” sisuke isilingo sam sibesincinane kakhulu. Ndisuke nje ndisijule ecaleni ndiqhubeke nohambo. Wona wenza kubemnandi. Wenza mnandi onke amava endakha

ndanawo. Usoloko ewenza abemnandi, xa ndifika kumanzi am aseMarah.

¹⁵⁷ Ngoku, simalunga nokubabamba ngoku ngaphaya entlango, emva kwayo yonke leyo mikhulu imiqondiso nezimanga. Imvuselelo yayithothile. Ize into yokuqala oyaziyo, xa imvuselelo yathi yathotha, kutheni, babelibele konke ngayo imimangaliso.

¹⁵⁸ Oko akukho nje ngabo abantu namhlanje? Bakulibele oko uThixo ebekwenze kunyaka ophelileyo. Oko uThixo ebekwenze kumhlangano phandle apha kwesemfundo ephakamileyo isikolo, nilibele konke ngayo. Yabona? Oko uThixo akwenzileyo, siyakulibala nje.

¹⁵⁹ Ngoku, qaphela, ngenxa yokuba bathi baqalisa ukuxambulisa omnye nomnye, “Kuhle, ndingoyena, ekugqibeleni, ndingumWisile. Elethu ibandla lelona likhulu.” “NdingumBhaptizi, kwaye ndizakuxelela kanye ngoku, sikholwa kweliNgunaphakade ukhuseleko, kwaye sinaYo. Nina nonke aninayo imfundiso, ekugqibeleni.” Kulapho ungena khona engxakini, size nesibonelelo sakho samanzi sinqanyulwe. Injalo lonto. Injalo lonto.

¹⁶⁰ Kulapho, intlango, xa ephila entlango, uqalisa ukumbomba, ambombe ekhalaza. “Kuhle, ndizakuxelela. Ndizakuxelela, xa lowa umdala umelusi wayelapha, lowa umdala umshumayeli owashumayela lankolo yakudala ngolwahlobo, a—andazi nokuba wayechanile na okanye hayi. Ndizakuchazela, yena—yena waphambanisa umama wam, ngobunye ubusuku, waza wagoduka. Ndizakuxelela, wayezamisekile, kanjalo.” Wayefanelwe kukuba lolohlobo. Injalo lonto. “Owu, andazi nokuba ndisafuna ukuba ndive okunye kwayo leYa, okanye hayi.” Kwaye nako xa isibonelelo sakho samanzi sinqanyulwa khona. Injalo lonto. Kuxa ungena khona entlango.

¹⁶¹ Baqalisa ukumbomba. Baza bathi, “Eyethu—eyethu imiphefumlo ikruqkile sesisonka sikhaphukhaphu.” Emva kokuba sebazishiya iigalika namatswele aseYiphutha, kwaye babesidla okweeNgelosi ukutya, kodwa besakhalaza. Akufani oko nalo ibandla? Ngoku ndiza kubantu bobungcwele ngoku, nina nonke; ehe, nina nonke. Nithi nisidla okweeNgelosi ukutya, nibe nisithi, “Akwaba besise seYiphutha, ukuze sifumane engaphezulu igalika.”

¹⁶² “UClayton McMichen kunye nezakhe ii-Wildcats uzakube esesikroxweni sotywala ngokuhlwanje. Ukuba bedingazibandakanyanga nalankonzo yakudala, bendiyakukhe ndehle.” Unosuke uqhubeke uye. Apho ubutyebi bakho bukhoyo, ilapho nentliziyo yakho. Awuzange ufumane kwanto xa wawuqala. Injalo lonto. Injalo lonto. “Owu, bendingathanda ukwenza *oku*, okanye ndenze *okuya*.” Nako apho ukhoyo, usoloko unesikhalazo.

163 Bathi bawashiya amanzi anodaka aseYiphutha, ukuya kusela kwasulungekileyo amanzi eLiwa laPhakade, baye baWakhalazela. Bayishiya indawo apho abakhulu, abaqhayisayo oogqirha base Yiphutha, abakhulu abaqhayisi nako konke, ukuya kuba noMkhulu uGqirha. Bayishiya indawo apho kwakusithiwa, ukuba, “Imihla yemimangaliso yedlula,” ukuya kuba nabantu abanemiqondiso nezimanga zibalandela, kodwa besakhalaza. Owu, bethu! Ewe, mhlekazi. Ezantsi phaya, kakade, amaYiphutha, aye engababandayo beeNtlanga, babengakhathali. Babengakholwa kwakulonto inje ngemimangaliso.

164 Emva koko, babengaphandle phaya apho babeneNtsika yoMlilo ibarhangqile. Sinayo Yona ngokuhlwanje. Babengaphandle phaya apho babenovuyo enkampini, bekhwaza, imimangaliso isenzeka, nako konke, baza ngoko bayikhalazela. Seso isizathu sokuba amanzi oma, seso isizathu sokuba bangabinanto yakudla okanye yakusela, kungokuba babembomba.

165 Kwaye yilonto ingxaki ngamabandla angqonge i-Louisville, ngokuhlwanje; ukumbomba, ukukhalaza. Inceba! Buyelani edyokhweni. Nantso ke.

166 “Ke ungubani lomfo, uMoses? Bekutheni zesimamele, simamele lo mqengeleki ungcewele womshumayeli, kakade? Sizokwenza ntoni ngaphandle apha?” Saza isibonelelo sabo samanzi soma.

167 Ndinga ngoMoses, leyo inkulu indoda. Wayefundisiwe kubo bonke ubu—ubulumko base Yiphutha. Makhe simjonge nje imizuzwana embalwa. Masithathe uMoses, okomzuzu nje. Jonga lamfo. Yena waye . . .

168 AmaYiphutha, ayesodlula le thina namhlanje, xa kufikwa kwinzululwazi yezonyango. Babengaphaya kwethu. Zininzi izinto ababekwazi ukuzenza esingakwazi ukuzenza thina.

169 Kwaye uMoses wayenalo lonke ichiza. Waza xa wayengaphandle phaya, cinga, uMoses wayekunye nezigidi ezibini zabantu. Wayenabantwana abancinci. Wayenamadoda amadala, abafazi abadala. Enabakhubazekileyo, nabaziimfama. Kwakuzalwa iintsana, amawaka azo, kwisithuba nje seveki. Aze uMoses, uGqir. Moses, waye ephaya entlango kunye nabo bonke abobantu. Ndingathanda ukuba ndikhe ndijonge kwityesi yakhe yamayeza, aninqweneli nina? Ndinga ndingabona ukuba yintoni uGqir. Moses wayenayo etyesini yakhe yamayeza. Makhe sikrobe nje kancinci kwityesi yamayeza ukuze sibone ukuba wayenantoni na.

170 “Moses, kutheni, ingaba unantoni apho, Moses?” Ngoba, sifumanisa ukuba xa lonke oluya lweminyaka emashumi—mane uhambo, into engaphaya kwezigidi ezibini zabantwana yazalwa. Injalo lonto. “Wawusebenzisa ntoni, Moses? Wawusebenzisa

ntoni ukwenzela konke okuya kwenzakalo neentlungu nemihlaza, nobumfama, ubuthulu, nobumumu? Ngoba, bayandixelela, ukuba xa uphuma entlango, kwakungekho namnye unobulwelwe kubo.” Yitsho, abangethandi abanye kwabagqirha ukukhe bajonge koko, lатыesi yamayeza?

171 “Kwaye enye into, Moses, wabakhwitsha ngantoni abobantu, lento kude kungagugi neempahla zabo? Izihlangu zabo azizange ziguge, kuhanjwa kulomatye.” Ukuba wakhe waya khona, uyayazi ukuba ikhangeleka njani intlango, bagugelwa zizihlangu ngentsuku ezintathu. Kwaye bona abazange bagugelwa nalisuntswana lofele kubo, kumashumi amane eminyaka. “Moses, yintoni eyayisetyesini yakho yamayeza?”

172 Masijonge ke kuyo. Ndiyambona yena, “Ndinomnye umqaliselo, ‘NdinguYehova okuphilisayo.’” Oko kuyayizinzisa. Amen.

173 Wathi, “Owu, Moses, utata wam ebengaphaya apha, waza nje wawa wophuka umlenze. Yintoni na onayo ungamnika yona?”

174 “Khawuthi khe ndibone. ‘Ukuba nithe nalithobela elaM izwi, nenze konke endikuyalelayo, Andisayi kubeka nasinye sezi zifo kuni, njengamaYiphutha, ngokuba ndinguYehova oniphilisayo.’ Mxelele lonto.” Waza waphila. Amen. Injalo lonto.

“Owu, ubambekile kakhulu! Umntwana wam unehlaba esiswini, okanye inyumoniya, imbi kakhulu! Gqir. Moses, ndingenza ntoni?”

175 “Khawuthi ndibone ukuba ndinantoni na. ‘NdinguYehova oniphilisayo.’” Oko kuyayizinzisa. Amen. Baze bemke. Injalo lonto. Bahambe, bevuya. Kuko konke ebekudinga, “NdinguYehova oniphilisayo.”

176 Phakathi kwamakhulu amathandathu anento, weziqinisekileyo izithembiso zeNgcwele impiliso, kweNtsha iTestamente yodwa, size sibe sisambuza uThixo, ngokuhlwanje. Uyakuthetha ukuthini umgwebo kuthi? Kulungile.

177 “NdiguYehova oniphilisayo.” Ewe, mhlekazi. Yilonto awayenayo uMoses, uGqir. Moses wayenayo kuye, kweyakhe i. . . kwityesi yakhe yamayeza, kwakukho oku, “NdinguYehova oniphilisayo.” Ke Yena waphilisa zonke izifo, wabagcina ngokufezeka, wabawelisa ngokuthe ngqo benqumla intlango, ukuya kwilizwe lesithembiso. Owu, bethu!

178 Bashiya bonke abo bakhulu, baqhayisayo oogqirha, ukuza kubanalo Mkhulu uGqirha. Babelishiyile eliya igquba labantu ababandayo, beqingqeke isimilo, kwaye bengakhathali, besithi, “Kwakungekho nto inje ngemimangaliso.” Kuze kanye apha, iNtsika yoMlilo yayindanda phezu kwabo. Abantu babephiliswa. Yonkinto, kwaye nantoni na ababeyidinga, yayisiziswa nje kanye kubo, baza noko bakhalaza xa bathi

baphuma emanzini. Kodwa ngoko ngoluzimeleyo ubabalo lukaThixo, kuko konke oko . . .

¹⁷⁹ Njengokuba ninjalo apha eLouisville ngokuhlwanje, phakathi kwako konke okukukhala, “Imihla yemimangaliso yedlula. Umbutho wezoNyango uzama ukunqanda eNgcwele impiliso, kwilizwe lonke.” Aninakuze niyinqande. Ninosuke niyeke ngoku. Aningekhe niyinqande ngaphezulu kokuba ninokunqanda ilanga. Injalo lonto.

¹⁸⁰ Apha kwiminyaka embalwa eyadlulayo, xa ndathi ndaqalisa eJeffersonville, ndishumayela eNgcwele impiliso. Yayingaziwa, ngokwenzeka, iminyaka. Yayiyinto enzima. Kodwa, mzalwane, ngokuhlwanje zizigidi zabo, yonke indawo, bekhala. Uzama ukuyinqanda? Ubungenakulunga. “Mna Yehova ndiyityalile; Ndiyakuyinkcenceshela, ubusuku nemini, ngaphandle kokuba kubekho bani uyakuthi ayohluthe esandleni saM.”

¹⁸¹ Apha kungekudala, ndandijonge iintaka oongqatyana abancinane kwi-Statue of Liberty. Zazihleli nje phaya. Abafo abancinane babelele berhangqile, phantsi kwesibane. Ndaza ndathi, “Yintoni eyenza lanto?” kumkhokeli.

¹⁸² Yena wathi, “Bazibethekise kwataka ubuchopho, izolo ngokuhlwa, kwesasichotho. Beze esibaneni, kwaye isibane ngesasibase kukhuseleko, kodwa bebezama ukusicima. Baza bazibethekisa kwada kwataka ubuchopho, bezama ukucima isibane.”

¹⁸³ Mna ndathi, “Uzuko kuThixo!” Ndiqikelela ukuba inoba ucinge ukuba bendiphambene. Ndathi, “Oko kundifaka kwingqondo yabanye bababantu bazama ukubetha eNgcwele impiliso kunye naMandla ovuko lukaYesu Kristu.” Uyakubetha kutake ubuchopho bakho; awusokuze. Yamkele nje yona, uze ubhabhele kukhuseleko, ukuyo. Injalo lonto. Amen.

¹⁸⁴ “Thetha neliwa, Moses,” UThixo waxelela uMoses, “kwaye lona liyakukhupha amanzi alo, liyakukhupha awaKhe amanzi.”

¹⁸⁵ Apha kungekudalanga, ndandijonge umfanekiso kwenye i-museum, weli liwa libethiwe. Kwaye wawukhangeleka njengomlanjana omncinci umpompoza, ulingana nenaliti yokwaluka ubukhulu. Ndacinga, “Okunjani ukugwenxeka abakhe babenabo aba bazobi!” Kutheni, mzalwane, ndandinokuyisela lonto ide yome xa sele ndinxanwe nyani. Ewe, mhlekazi.

¹⁸⁶ Uyakwazi oko uMoses wayenako okuzakusela okuphuma kwelaLiwa? Wayenabantu abangaphaya kwezigidi ezibini, ngaphandle kwazo zonke izilwanyana. Kwakuthatha malunga namawaka angamashumi amane eegaloni ngomzuzu, uku—ukusela, bona. Hallelujah!

187 Oko kundifaka engqondweni yomntu othile enkolweni yabo. Unenkolo nje eyanele ukuya kwisikolo seCawa ngeCawa ekuseni, athufe nje kancinci aze amanzise nje kancinane.

188 Ndithanda ukuhlala kwiThende apho kuphuma kugxiza khona, haleluya, okwanele ukuba kundise kuNaphakade. Haleluya! Ndiyavuya kuba ndemka ndaphuma kulandawo yakudala ifumileyo; ndeza ngapha kumthombo apho ugalela ngalo lonke ixesha. Ewe, mhlekazi.

189 Abantu banenkolo nje eyanele ukubenza banxunguphale. “Kuhle, andinakuhlala ngaphaya kwamalunga neshumi lemizuzu. Bethu, thiza, unasisu side kangakanani na lamshumayeli?” Lunzulu kangakanani na olwakho usindiso? Injalo lonto.

190 Nyukela kwentsasa yangeCawa, uze uthi, “Kuhle, ndizakuya ndikhe ndive ukuba bathini.” Ufumane okuncinane ukukhwitshwa uze uphinde ujike, kuze kube kuphelele apho okuzuzileyo.

191 Mzalwane, ndizakukuxelela, xa uMoses wabetha elaLiwa, lamanzisa yonke intlango. Amen. Ewe, mhlekazi. Ekuphela kwento, yonke into ababeyidinga, bawa kanye phantsi basela, basela, basela bada bonela. Naxa kunjalo, amanye amanzi ayephuma, malunga neegaloni ezimashumi mane amawaka ngomzuzu. Yiqiqe, bangaphi abantu, isigidi sabantu, izigidi ezibini zabantu zazinokusela, ngomzuzu omnye; abanxaniweyo abantu, ngaphandle kweenkamela, nezilwanyana, nezinto ababenazo. Nayo iBhayibhile yathi, “Aphuma ngobuninzi.” Wavele nje wagquma, enqamleze lontlango.

Yilondlela uYesu Kristu anika ngayo uMoya oyiNgcwele.

192 Hayi nje intwana, ukuthi, “Kuhle, ndiyakholwa ukuba ndiyakuya ndize ndizibandakanye nebandla.” Owu, bethu! “Owu, andinakumelana nalangxolo. Iyandiqhaq hazelisa.” Ukuba ungaze ufe, uyawuze ugodole ufe xa unokuthi uye eZulwini, ngoba, mzalwane, uzakuva ingxolo xa ufika Phaya. IBhayibhile ithe bayakhwaza “haleluya,” imini nobusuku; imini yonke, ngoba akukho busuku. Injalo lonto. Uyakufa ngokuqinisekileyo xa ufika eZulwini, ngosuku lwesibini uPhaya. Ewe, mhlekazi. Kuhle, wena nje...oko ukwenzileyo, uye nje waza wafuma, kancinane.

193 Awunakukhe uchophe ngasekumpompozeni, uze umvumele nje akugalele de uhlanjelwe kwi...haleluya, esizikithini, uze uzilahleke uze ungazazi nokuba uphi na. [Indawo engenanto kushicilelo—Mhl.] Yilondlela ofuna ukuba yiyo.

194 Ndandidla ngokuxelela umalume wam, utata wam, “Kwedini, ndiyindadi,” kwesi sincinane isadunge apha e-Utica Pike.

195 Ngenye imini, utata wabuyela waza wachopha ekolvethini, wathi, “Ndifuna ukukubona udada.” Esincinane isadunge sasimalunga *nakangaka* ubunzulu. Ndandimi phezu kwebhokisi yesephu. Ndakhulula iimpahla zam, ndaza ndema ngempumlo *kanje*, ndaza ndaxhuma-xhuma kulabhokisi yesephu. Ndabetha, udaka lwabhabha macala, ndaza ndaqalisa ukuphaxaza udaka.

Ndathi, “Ndenza kanjani, Tata?”

196 Wathi, “Khawuphume apho.” Ukudada? Ukurhubuluza edakeni, lonke ixesha.

197 Sinamaninzi arhubuluza edakeni amalungu ebandla, kanaanjalo. Injalo lonto. Injalo lonto, abarhubuluzi-dakeni. Ewe, mhlekazi.

198 Ngenye imini, umalume wam wandikhupha ngesikhephe ndaye ndidubuleka malunga nokudada; ngapha apha eMlanjeni wase-Ohio, malunga neenyawo ezimashumi mabini amanzi. Wavele nje wathatha uphini wandithi qhweku endikhuphela emanzini, wathi, “Ngoku yintoni malunga nako?” Amen. Haleluya! Kwafuneka ndidade okanye nditshone, ngoko. Owu, bethu!

199 Usenosuke uqhelane naYo ngoku. Phumela phaya ekuthululeni, apho uThixo avula khona iliwa khona phaya entlango aze nje awagalele. “Thetha neLiwa,” Watsho, “kwaye liyakuzisa awaLo amanzi.”

200 Mhawumbi, mhlobo wam, ngokuhlwanje, mhlawumbi uyatshabalala. Umelwe kukuthetha neLiwa. Injalo lonto.

201 Mhlawumbi sowuhambe naphina. Mhlawumbi uyile ecaweni, wazibandakanya nobuWesile, wazibandakanya nobuBhaptizi; baza bakuphambanela, waya kubuRhabe; waza wabuyela kumaPentekoste, ngaphaya kumaNazarene, wehlela kwiPilgrim Holiness. Kunangoku awukabinakuqonda.

202 Khawukhe nje uthethe neLiwa, ngokuhlwanje. Nje... Ingaba uyathethisana naYe? Ehe. Wathi, “Thetha neLiwa, kwaye Liyakunika awaKhe amanzi.” Liyakunika awaKhe amanzi, ukuba wena nje... Akudingeki uMbethe, kwakhona. Thetha nje naYe. Okwabahlobo nje, thetha naYe.

203 Mhlawumbi ubukhe waya kugqirha. Mhlawumbi wenze yonke into oyaziyo ukuba yenziwa njani, uzama ukuba uphile. Mhlawumbi usandula kwenza yonke into esemandleni akho, phantse, kwaye awude uphile. Bonke ogqirha, uye kuzo zonke ii-ofisi ozaziyo, waza wathi ugqirha, “Wena nje... Akusekho nto unokuyenzelwa.” Kutheni ungathethi neLiwa, ngokuhlwanje? Yena uyaku... Yena unamanzi oBomi phaya abekelwe wena, ukunikela uBomi ngokugqithisileyo.

204 Ngaxesha lithile kwakukho umfazi, eBhayibhileni, ogama linguHagare. Ndinga ngaye. Kwaye ndilungiselela ukuvala; ixesha. Kwakukho umfazi ogama linguHagare, kwaye waye

enomntwana omncinci. Wayekhuthshelwe entlango, enegutyana elinye lamanzi. Wayondla into encinane, imini yonke. Kodwa amanzi aphela, malunga naphakathi emini, kwaye olosana luncinci lwalukhwaza lukhala. Imiletyana yalo yayomile nolwimi lwalo ludumba. Usizana, lonothando umama, ngewayenzi? Wayekhangele kuzo zonke iindawo ezincinci awayenako, ukuze afumane amanzi, kodwa kwakungekho manzi afumanekayo. Wayengenako ukumelana nokubona umntwana esifa; ke walubeka phantsi kwetyholo, waza wabhekela malunga nomgama wokumka kwetolo lidutyulwe.

205 Waza waguqa ethetha neLiwa. Akuba ethethile neLiwa, iNgelosi yaphendula yathi, “Hagare, kukumpompoza kwantoni okuya kuphaya?”

206 Kwakukho umthombo wonke, uzele ngamanzi, usabaleka unanamhla. Emva kwamalunga namawaka amane eminyaka, usabaleka unanamhla. Ithende awathi uHagare... apho, elo, lisabaleka unanamhla. Wathetha neLiwa, laza iLiwa lakhupha amanzi.

207 Kwakhukho bantwana bathile bamaHebhere abangena ezikweni elivuthayo, ngenye imini, baza bathetha neLiwa. Laza iLiwa labakunye nabo.

208 Kwakukho umfazi owaphuma eSamariya, ngaxa lithile. Wayedakumbile. Wayenezono, kwaye enezinto ezininzi eziyinga ebomini bakhe, mhlawumbi. Kwaye waye edakumbile. Waya kumthombo kaYakobi ukuze afumane ukukhululeka, kwaye wayeye abuyele. Wayedla ngokuya kumthombo kaYakobi, aze abuyele. Waza ngenye imini wabeka phantsi imbiza yamanzi phantsi, kwaye waye emi apho, edakumbile. Kwaye nako kumi iLiwa, limi ngakuye. Wathetha neloLiwa. Wamnika okukhulu ukumpompoza emphefumleni wakhe. Wabaleka waya esixekweni. Akazange aphinde abuye eze kukha, kwakhona. WayenoBomi. Wathi, “Yizani, nizekubona uMntu ondixelele zonke izinto endakha ndazenza. Akangebi nguye lo uKristu?” Wathetha neLiwa, laza iLiwa lakhupha awaLo amanzi.

209 Kwakukho mfazana owayesele eyichithe yonke imali yakhe koogqirha, oosinga-gqirha, nabathi bayithatha yonke imali yakhe. Bengenako ukulinganda ithombo legazi. Mhlawumbi wayesele emise ngefama yakhe ebhankini, kwaye mhlawumbi sele eyithengisile. Kwaye waye ehleli, esaluka ngenye imini, waza weva Okuthile kusehla ngendlela. Wathetha neLiwa. ILiwa laguquka lathi, “Ngubani na oNdichukumisileyo?” Kwaphela akuba ethethe neLiwa. Wamnika ukumpompoza koBomi, oko kwalingqamla ithombo yegazi. Lapheza, ngokukhawuleza.

210 Kwaye kukho omdala oyimfama umngqibi emi ecaleni kodonga, ngenye imini, eqhaqhazela yingqele. Yonke into awayenayo yayimkile. Kwaye naku wayelapho, enxunguphele,

baye abantu bedlula. Weva Okuthile kusiza; wathi, “Yintoni leyo?” Waza wathetha neLiwa.

211 Nangona, amalungu enkonzo yakhe, amngqongileyo, azama ukumnqanda, athi, “Akukho sidingo. Awunako ukuyifumana. Chasela. Thula.”

212 Kodwa wakhwaza ngakumbi, “Wena nyana kaDavide, ndenzele inceba! Ndenzele inceba!” Waza wathetha neLiwa, laza iLiwa lamnika ukumpompoza, aza amehlo akhe avuleka.

213 Ela Liwa lalisentlango lilapha namhlanje. Lenza abantu bavuye.

214 Ngenye imini, yonke i-Jerusalem yayimile ukuze ibone oNgewele umphilisi, umqengqeleki ongcwele, engena edolophini; kukho abantu abambalwa bemi phaya, bekhwaza ngamazwi abo onke, “Hosanna! Hosanna, kuLowo oza eGameni leNkosi!”

215 Lawo azimise ngokwawo amalungu ecawa ayekhona nawo phaya enxibe ezongubo zawo ezinde, kunye nee-D.D zabo emva kwabo; bathi, “Mabathule. Bethu, benza ndinyukwe yinkwankca emqolo, njalo njalo. Benzeni bathule.”

216 Yena wathi, “Ukuba bathe bathula, amatye ayakunkqangaza ngoko nangoko.” Kwakutheni ze kubenjalo? Eliya Liwa lasikwa likhutshwa entabeni, kungengazandla, lalisiza, liqengqelekela e-Jerusalem. Amatye amancinci ayesela kuLo. “Thetha neliwa, kwaye Lona liyakukhupha awaLo amanzi.”

217 Ukuba udinga usindiso, ngokuhlwanje, thetha neLiwa. Liyakukhupha awaLo amanzi. Ukuba ungumntu owileyo, ngokuhlwanje; thetha neLiwa, Liyakukhupha awaLo amanzi. Ukuba ulapha, ngokuhlwanje, ube ungenaye uKristu; uzame lonke ibandla elikhoyo, edolophini, ukuze ufumane usindiso; thetha neLiwa, Liyakukhupha awaLo amanzi. Niyayikholwa? Ukuba ungumntu owileyo, ubhekele kuThixo, ucinga ukuba akusekho thuba kuwe; thetha nje neLiwa, laye Liyakukhupha amanzi aLo.

218 Niyakukholelwa oko, ngentliziyo yenu yonke? [Ibandla lithi, “Amen.”—Umhl.] Niyakholwa ukuba uThixo uyakuninika? Ngentliziyo yenu yonke, niyayikholwa? Haleluya! Ulapha ngokuhlwanje.

219 Ukuba uyagula, ube uzame yonke into ehlabathini. Uzamile ukungena kungca wokuthandazelwa, ube ungakwazi ukungena kungca wokuthandazelwa. Ubunawo amakhadi okuthandazelwa, waza wajikiswa. Uyile komnye umhlangano; waya nakomnye umhlangano. Uthanjisiwe ngumelusi. Uzile ngawo lo umgca wokuthandazelwa. Uyile kwiindawo zonke, kwaye awude uphile.

220 Kutheni ungathethi neLiwa nje ngoku? Uyakukhupha awaKhe amanzi. Injalo lonto. Kutheni nje ungakhe umzame

Yena kubekanye? Khawukhe uthethisane naYe, kanye ngoku, ngelilixa yena asesakhiweni. Obakhe uBukho bulapha ngoku ukuze aphilise nonke ngabanye kuni. Ndiyayikholwa. Ndiyayazi, ngentliziyo yam yonke. Ndiyakhoholwa. Kwaye kukho ezithile izinto endingazaziyo, kwaye zikhona izinto endizaziyo. Ndaye ndiyazi ukuba uYesu Kristu, uNyana kaThixo ophilayo, ulapha kanye.

²²¹ Ngelilixa kanye ndizama ukubizela esiguqweni ngoku, entliziyweni yam, imibono iyavela kwisakhiwo sonke kanye—kanye ngoku. Owu, injalo lonto. Amandla kaThixo alapha kanye. Injalo lonto. Ndimbonile Yena ehamba apha. Iqalile ukuvela kum ukusuka kulo ummango ukuya komnye, kanye ngoku; kuba kukho abantu abagulayo apha, kwaye imithandazo yenu yiyo eyenzayo; ukungqinela iLizwi likaThixo, lisithi Yena ulapha ukuze kuthethwe naye, ngokuhlwanje, elo Liwa linye lathi lema labona iingcingane zabo. Labona apho umfazi wayekhona, owaye enethombo legazi, njalo njalo. Ulapha ngoku. Ukuba unokukhe uthethe naYe, Yena uyakuzisa amanzi aKhe. Niyakukholwa oko ngentliziyo yenu yonke? [Ibandla lithi, “Amen.”—Umhl.]

²²² Ucinga ntoni, nenekazi? Eline... Kanye phaya esiphakathini. Ngoku, awunalo ikhadi lokuthandazelwa, andithi? Inenekazi elineto emhlophe ebhijelwe entanyeni, lihleli kanye phaya. Uneswekile, andithi? Awunalo ikhadi lokuthandazelwa, unalo? Awudingi khadi lakuthandazelwa. Uyakukholwa oko? Ucinga ukuba ungakhe uthethe neLiwa? Uyafuna ukuthetha naYe, ngenxa yeswekile yakho, kanye ngoku? Yima ngeenyawo zakho ngoko. Injalo lonto? Yithi nje, “ndiyamamkela uYesu Kristu ngoku njengomphilisi wam,” uThixo uzakukugodusa aze akwenze uphile. Thetha neLiwa. UThixo akusikelele. Kulungile. Hamba, ze wenziwe uphile.

²²³ Ucinga ntoni malunga nayo, ohleli ecaleni kwakhe, nenekazi? Uhlutshwa yimithambo yemilenze yakho, andithi? Injalo lonto. Yima ngeenyawo zakho. Ayinguye umyeni wakho lo uhleli ecaleni kwakho phaya? Ingaba kunjalo? Wena uneswekile, ngokunjalo, andithi? Ingaba kunjalo? Beka isandla sakho kwinkosikazi yakho. Kulungile. Nobabini nisuka e-Illinois. Ingaba kunjalo? Ngoku buyelani ke e-Illinois, nithetha neLiwa, iyakunishiya ize ingaphinde ibuye kwakhona. Halleluya!

²²⁴ Ndazi ntonye, elaLiwa lilapha, iLiwa laPhakade elabethwa entlango. Injalo lonto.

²²⁵ Ucinga ntoni malunga nayo, nenekazi elincinci apha lineetyatyambo emnqwazini walo? Uhleli apho nesifo samathambo, uzama ukuphuma kuyo. Wena othe wajika wajonga kwelinye icala, ingaba uyakhoholwa ngentliziyo yakho yonke ukuba uThixo uzakukuphilisa? Yima ngeenyawo zakho ngoko, uze ugximfize iinyawo zakho, uze uthi, “Isifo

samathambo simkile,” kwaye kunjalo. Thetha neLiwa, kwaye Yena uyakukhupha...?...

²²⁶ Ndiyanixelela, uYesu Kristu nguye, izolo, namhlanje, naphakade. Ulapa ukuza kubonakalisa nantonina e...

²²⁷ Ucinga ntoni malunga nayo, nenekazi elihleli phaya, lathi, “mayizukiswe iNkosi,” nalongxaki yoomama, linxibe encinane, ekhangeleka luhlaza ibhatyi, lihleli phaya? Uyakholwa ukuba uThixo ukuphilisile ngoko? Yima ngeenyawo, umzuzwana nje; ehleli khona phaya. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Unengxaki yomama. Lithumba. Unombhobho, uhlobo oluthile lokukhama kusuka kulo. Ingaba kunjalo? Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho. Yintoni endenza ndithethe lonto? LiLiwa lithetha nawe. Thetha nawe naLo, uze uphiliswe. Haleluya!

²²⁸ Owu, indlela Afuna ngayo ukuzisa izibonakaliso zaKhe zamandla aKhe! Kwaye ndibona iNgelosi kaThixo, khwalaaNtsika yoMlilo eyathi yalandela abantwana entlango, ihambahamba kwesi sakhiwo ngoku.

²²⁹ Ndizama ukufumana inkosikazi ethile. Uyathandaza. Undawoni apha? Umi apha Yena. Ewe, ngomncinane umfazi emi kanye phaya, owesibini ehleli ngaphakathi. Hayi, yena...Imalunga nendoda, imile. Ngumyeni onxilayo lo umthandazelayo. Ingaba kunjalo, nenekazi? Ukuba kunjalo, yima ngeenyawo zakho khona phaya. Awunamyeni ulinxila nobe umthandazela? Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho. Thetha neLiwa, kwaye uThixo uzakumkhupha ku—kulonto.

²³⁰ UThixo uyakwenza nantoni na apha, ukuba nje niyakuthi niyenze. Niyayikholwa lonto? Ingaba uyathethisana naYe? Ukuba kunjalo, yima ngeenyawo zakho kanye ngoku uze uthethe neLiwa, lona iLiwa, liyakukhupha awaLo amanzi. Aninakukhe niphakame?

²³¹ Ngubani oMfunela usindiso? Phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndifuna Yena angene entliziyweni nam.” UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele, nawe, nawe, nawe. Owu, bethu! Ewe, mhlekazi.

²³² Lamhlaza ukushiyile apho, mzalwane wam. Imkile. Ungagoduka uze uphile ngoku. Haleluya! Oko kunjalo.

²³³ Bonke abafuna ukuphiliswa, phakamisani izandla zenu, nithi, “Nkosi, ndithetha naWe. Ndithetha naWe.” Injalo lonto.

²³⁴ Nako ehamba. Mnumzana, imfuxane yakho ikushiyile apho. Ukhululekile. Goduka; ngelikaYesu Kristu iGama, uphilisiwe.

²³⁵ Nabani na apha, afuna ukuMfumana ngoku, phakamisani izandla zenu nize nithi, “Enkosi, Nkosi, ngokundiphilisa. Ndithetha naWe, eGameni likaYesu Kristu, ngokuba Wena uyandiphilisa.”

²³⁶ Owu Thixo, wenceba, thumela awaKho amandla ngokuhlwanje, kunye nentambiso kaMoya oyiNgcwele, ngelixa Yena ekwesi sakhiwo ngoku, ukuba atshayele phezu kwesi sihlwele. Wanga uMoya oyiNgcwele angenza wonke ummangaliso. Kwanga kungangabikho mntu ugulayo okanye ukhubazekileyo oyothi asale kwesi sakhiwo ngokuhlwanje. Wanga Ungaphilisa bonke ngabanye, ngelikaYesu Kristu iGama.



INTLANGULO EKUPHELELENI, KUVUYO XHO54-0330
(Redemption In Completeness, In Joy)

Lo Myalezo kaMzalwana William Marrion Branham washunyayelwa ngesiNgesi ngorhatya lwangoLwesibini, ngoMatshi wama-30, 1954, eChurch Of The Open Door eLouisville, Kentucky, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waza wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2020 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org